


UYAKHATHALA.

INGABA UYAKHATHALA?

 Enkosi, Mzalwana. Makhe sibe sisemi nje umzuzwana ngoku sithandaze. Ngoku ngeetloko zethu zithotywe, kukho nasiphi na isicelo esithethiweyo, okanye esenziwe saziwa nje ngokuphakamisa isandla sakho, ukuba nje uphakamisa isandla sakho njenge, kulungile, sibambe nje isicelo sakho ngoku.

² Bawo wethu oseZulwini, sisondele kuWe kwakhona, ngenxa yezi zicelo ezo zi . . . banezandla zabo ziphakanyiselwe emoyeni. Kwaye baswele ngale ntsasa, Nkosi, ngezinto ezininzi. Wena uyayazi loo nto abayingayo entliziyweni yabo, ngokuba iLizwi, kwaye uLizwi nguMcaluli weengcingane nezicamango zentliziyiyo. Ndiya Kukhunga, Thixo onoBabalo Kakhulu, ukuba Uyakuphendula ngamnye wabo ngokweentswelo zabo, sisazi oku, ukuba Uya kukwenza oko ngokokholo lwabo. Sinike ukholo njengokuba sithetha iLizwi Lakho ngoko, Nkosi, langa Lingazisa ukholo kubo. Ndincede ndithethe iLizwi Lakho, kuba iLizwi Lakho liyiNyaniso, ukuze Lizise ukholo lokunika impendulo kwezi zicelo. Kwaye ngoko kusenokubakho abanye apha, Nkosi, abathe babhadula kuloo ndlela imxinwa, abo abangahambiyo eNyanisweni yendlela. Siyathandaza, Bawo, ukuba into ethile iyakwenziwa namhlanje, kwaye yenziwe yaziwa, okokuba bayakubuyela ngokukhawuleza kulaa ndlela yobudlelane kwakhona noKristu. Imihla iya isiba sekupheleni, ububi bukuyo yonke indawo, kukho ukuwa okukhulu. Kwaye siyathandaza, Bawo, ukuba Uyakuzazisa ngoKwakho kuthi namhlanje, ngokuphilisa abagulayo phakathi kwethu, usenza imimangaliso. Asikuko ukuba Umelwe kukukwenza oko, Nkosi, ukusazisa ukuba UnguThixo, kodwa ngenxa yokuba Wathembisa ukukwenza oko. Kwaye siyazi ukuba Uyakusipha izithembiso Zakho ukuba kuphela siyakuzikholwa kwaye sazi ukuba ziyinyani. Sicela le nceba eGameni likaYesu Kristu. Amen.

³ Ningahlala phantsi. Bendisathabatha nje umzuzwana ukuba ndifunde ezinye zezicelo ezibekwe apha, kukho ezimbini okanye ezintathu, esinye sazo sisicelo somthandazo. Kakade, kukho ezininzi iitshefu ezibekwe apha esinokuthi sikuvuyele u—ukuzithandazela nje kwithuba elingephi, xana sisiva ukuba uBukho bukaMoya oyiNgewele bu—bukwiqonda laBo eliphezulu. Kuxana ndizama ukuthandazela oku, xana lonke ibandla, lonke lithanjiswe ngoBukho Bakhe.

⁴ Siyaxolisa kakhulu uku—ukukhathaza, sinabaninzi kakhulu abemileyo, kwaye kungekho gumbi labo ukuba bahlale phantsi. Kwaye—kwaye le yimini yemozulu eshushu kwelona qondo lalo liphakamileyo lobushushu, sifumana malunga nekhulu leepesenti zokufuma kwaye malunga nekhulu lwamaqondo obushushu, ke kuncangathi kakhulu kwaye kushushu.

⁵ Kwaye ndinikele ngale ntsasa kwiinkonzo zempiliso, okanye hayi... Isizathu sokuba ndenze leya “yempiliso” inkonzo, ngokuba ndibeka ukholo lwam kuloo nto Ayithembisileyo. Yabona? Ngoku, andinako ukuthi Uyakukwenza oko, kodwa ndiyakholwa emva kokuva iLizwi Lakhe kwaye ndisekele ukholo lwethu phezu kwaloo nto Ayithembisileyo, ngoko sinelungelo lokubanga amadinga Akhe empiliso, njengokuba sisenza izithembiso Zakhe zosindiso.

⁶ Ezi ezimbalwa izicelo. Andazi nokuba sebezivulele na izishicileli okwangoku ngenxa yoku, okanye hayi. Kusenokuba kulungile. Ke, ndiyaqikelela ukuba kulungile kwabangaphandle, kuluntu ukuba lukeve oku, sisicelo.

Ingaba uprofetile ukuba kuya kubakho i— isigidi samanegro abuleweyo kwi...okanye ububhengeza nje ukuba kuya— kuya kubakho esi senzo?

⁷ Ngoku, yabona, bendisoloko ndinicela ukuba niyilumkele loo nto eniphulaphule kuyo. Yabona? Kukho into eninzi kakhulu yayo eyilicala nje lobuntu. Kodwa kusoloko ukuba kukho into ethile leyo ephumayo, iya kuyithetha, “Ngu-ITSHO INKOSI,” nkqu nakwimibono okanye nantoni na. Imibono eqongeni, kwisihlwele, uyayenza loo nto ngokwakho; asingoThixo, nguwe. Yabona? UThixo akawuvelisi loo mbono, uyayenza lonto ngokwakho, ngokholo lwakho kwisibabalo esiNgcwele.

⁸ Njengokuba umfazi wachukumisa ingubo Yakhe, Wayengazi ukuba wayengubani na okanye yintoni na eyayingalunganga ngaye, kodwa wakwenza oko ngokwakhe. Yabona? Ngoku, lowo yayingenguye u-ITSHO INKOSI. Yayingu-ITSHO INKOSI xana uYesu waphendulayo kwaye wamxelela ukuba ukholo lwakhe lwalumsindisile. Kodwa, yabona, kufuneka ukhangele.

⁹ Hayi, bendithetha nje ngoMartin Luther King, ngale ntlekele inkulu leyo banayo eMzantsi, naba—nabantu abantsundu. Ndathi, “Ukuba abo bantu bebengamakhoboka, bendiya kuthabatha ibandla lam ndiye emzantsi ukuze ndincele abo bantu baphume ebukhobokeni.” Ngokuqinisekileyo bendiya kwenjenjalo, ngokuba umntu wenza amakhoboka, hayi uThixo. Sonke singabegazi elinye. Sonke siphuma kumthi omnye, kwaye oko yayikukuphuma ku-Adam. UThixo, ngagazi linye, wenze zonke izizwe. Kwaye nokuba thina, imibala yethu intsundu, okanye imnyama, okanye ilubhelu, okanye ibomvu, okanye nokuba injani na, sonke sizizidalwa zikaSomandla, yabona, kwaye akufanelanga kubekho iyantlukwano kuthi.

¹⁰ Umbuzo phantsi phaya lu “calucalulo lwesikolo.” Ngoku, ndandiphaya kuvukelo lokuqala, kwaye ndakuva oko, kwaye ndi—ndiyazi ngale nto ndithetha ngayo. Abantu abantsundu banezikolo ezilungileyo, ngamanye amaxesha ezingcono kakhulu kunezinye izikolo. Kwaye, umzekelo, eShreveport banezikolo ezintle kakhulu kunezikolo zabamhlophe. Kodwa yimbono yomntu othile obaphembelela ukuba bahambe kwaye bazixube kunye. Ntoleyo, ndicinga ukuba ibiyakulunga, kodwa okoko nje abantu bekuqhankqalazela oko, abo bantu basemazantsi, ngoko ngowuphi umahluko lonto ewenzayo kakade?

¹¹ Kwaye ndicinga ukuba uMartin Luther King uphenjelelwe bubuKomanisi, nto leyo eza kukhokelela malunga nesigidi sabantu kumgibe wokufa ngokupheleleyo. Yabona? Anditsho ukuba iNkosi indixelele oko. “Ndi” yakholwa, yabona. Kwaye ndiyakholwa ukuba ayifanelanga ukwenziwa. Ndinga ukuba abantu bafanele ukuba babe ngamaKristu baze baqondane njengabazalwana. Kwaye, kodwa ndicinga nje ngokuba. . .

¹² Le United States, lo rhulumente ngoku undixelela ukuba andinako nokutyikitya itshekhi ukuba—ukuba kunjalo. . . ndinike buqu. Yabona? Lawo ngamalungelo omgaqo siseko athatyathweyo asuswa kum, kodwa yintoni endinokuyenza malunga naloo nto? Nje hamba uqhubeke, kuphelele apho. Yabona? Kwaye kuya kufuneka idlulele kwenye inkqubo ngaphambi kokuba mna njengommi wase-United States ndinganako ukutshintsha itshekhi, kufuneka ukuba ize ngelibandla, andinako ukuyitshintsha. Yabona? Kwaye oko akulunganga. Oko akuhambelani nomgaqo siseko. Kodwa yintoni—yintoni endinokuyenza malunga nako oko? Akukho nto. Lo mbuthi werhafu ezantsi apha nguye ondxelele ukuba andinakuyenza loo nto, ke, ehe, nantso apho ikhoyo. Ukuba injalo, kuthekani ngayo. Ke yiyeke nje ihambe.

¹³ Ndinga ukuba kufanele kube yinto efanayo, leyo a. . .leyo abazalwana noodade bam abantsundu eMzantsi bekungafanelanga ukuba baphakame ukuya ezingalweni nxaanye nabazalwana babo nezinto ezinjalo phezu kwento encinane njengaleyoy. Bethu, kwenza wuphi umahluko ukuba uya esikolweni *phi* okanye *nantoni*? Ntabona inenekazi elihle elintsundu ngaloo ntsasa xana babe. . . babenovukelo phaya eShreveport, kwaye yayingumlungiseleli omdala ontsundu owayesoloko exelela umkhosi, wathi, “Makhe ndithethe kubo.” Kwaye ke wayeyindoda endala enobuthixo, kwaye yema phaya yaza yathi, “Andizange ndibenentloni ngombala wam.” Wathi, “Umenzi wam undenze into endiyiyo, kwaye andizange ndibe nazintloni ngayo, kodwa, kude kube ngale ntsasa.” Kodwa wathi, “Xana ndinibona, bantu bakuthi, nisenza ngolu hlobo,” wathi, “ngoko ndinentloni ngokuba numntu webala.” Kwakukho umkhosi obiziweyo, bamgxwala.

14 Ke elithile elilungileyo, elifundileyo, inenekazi elintsundu elikhangeleka kakuhle laphakama, ngobukrelekrele, bethu, obuphezulu kakhulu. Lathi, “Into yokuqala, andifuni abantwana bam bafundiswe ngumfazi omhlophe.”

Wathi, “Ngokuba?”

15 Lathi, “Ngokuba akazukuthabatha umdla wabantwana bam lowo wam. . . utitshala ontsundu aya kuwenza.” Kwaye lathi, “Khangalani izikolo zethu ngapha. Yintoni le eningxolela yona?” Lathi, “Sinamadama okuqubha nayo yonke into ezikolweni zethu, kwaye abakawafumani ngaphaya.” Lathi, “Ngoku, ningxola malunga nantoni nina bantu?” Baze bamgxwala, yabona.

16 Iphenjelelwe yinto engalunganga, uyabona, yabona, bona, abo bantu. Kwaye naso isizathu sokuba nditsho oko, hayi ukuba kukho na—nasiphi na isiprofeto malunga nayo. Andinanto ngayo evela eNkosini. Kwaye qinisekani ngoku, ukuba ndithetha nantoni na evela eNkosini ngolo hlobo, ukunixelela, isoloko. . . ndiyathetha ngoku. Kodwa xana Ethetha, ndithi “Ayindim, ngu-ITSHO INKOSI.” Kwaye andinako ukuyithetha ade Andixelele. Ndisenokuba ndiphosakele ngokupheleleyo kwingcinga yam malunga noMartin Luther King. Andazi, andinako ukutsho. Leyo nje yimbono yam. Nantoni na evusa inkathazo, yiloo nto ekufanele ukuba ibekho ngemihla yokugqibela. Kwaye yonke iphefumlelwe nguSathana, ukuqhekeza umanyano lwethu kunye nantoni na esinayo, nantoni na evukayo ngokufana nokuya. Ke ndingowabo bantu ezantsi phaya, ungaze ucinge ukuba andinjalo. Ndi—ndingowenkululeko kunye nayo yonke into, kodwa abantu abanayo loo meko phantsi ngoku. Kodwa into eya kuyenza, ndiyakholwa ukuba iyakuqala olunye uvukelo ukuba umntu othile akayinqandi. Yabona, ngamaKomanisi asebenza phakathi kwabo bantu.

17 Ndandise Afrika xana besenza into efanayo. Yabona? Kwaye ndiyazi ukuba kwakukho amaKomanisi angenayo phaya exelela abo bantu abantsundu, “Owu, *niyile, leya*, okanye *enye*. *Niyile, leya*, okanye *enye*.” Kwaye into yokuqala uyazi, yabangela ukuba amawaka abo abulawe. Kwaye bafike phi na? Abafikanga ndawo, yabona, abafikanga ndawo.

18 Kwaye ndi—ndiyabuthanda ubomi bomntu. Makhe sikhonze iNkosi. UbuKumkani bethu buPhezulu; akukho nto malunga nale nto apha. Okoko nje sisidla, sisela, kwaye sinako, yintoni enye oyifunayo? Yabona? Ke ndiyazi ukuba iya kuba yintoni na. Ndi—ndiyaqaphela ukuba nje ibangela inkathazo.

Ngoku, omnye umbuzo apha ngulo.

UYohane umBhaptizi, xana ehlangana noYesu, yabona, kwakutheni ukuze Athi, “Kusifanele ukuba sizalisekise bonke ubulungisa”? Yayithetha ukuthini na lonto?

¹⁹ Ke, ndikhumbula uGqr. Roy Davis, u—u—umhlobo wam okufuphi, owandibhaptizayo ekuphela kwexesha endakha ndabhaptizwa ngalo. Kwaye wathi uYohane wayethetha, ndiyakhumbula oku esikolweni sabo, wathi, “UYohane wayesazi ukuba akazange abhaptizwe, ngokwakhe, ke yena. . . UYesu. UYohane wavumela uYesu ukuba ambhaptize.” Ke, oko, ndi—ndiyahluka kunye no—nogqirha omkhulu phaya.

²⁰ Hayi ngenxa yokuchasa, kodwa ngenxa yeNyaniso ndingakuthetha oku. Hayi, kwakukho amadoda amabini, iinkokheli ezimbini zeyure, uMesiya nomprofeti Wakhe bahlangana emanzini. Ngoku khumbulani, uYohane wayengabhaptizeli kuxolelo lwezono, kodwa enguqukweni. Hayi kuxolelo lwezono, kuba idini lalingekenziwa okwangoku, yabona, kwakungekho Dini. Kwaye iDini leza kuye emanzini. Ngoku qaphela. UYohane wakhangela phezulu wambona uYesu, wathi, “Ndiswele ukuba ndibhaptizwe nguWe. Kwaye yini na ukuba Uze kum?”

²¹ UYesu wathi, “Vumela oko ukuba kube njalo,” ntoleyo yabanjalo. “Kuvumele ukuba kube njalo, kuba kusifanele thina, okanye kusilungele thina, ukuzalisekisa bonke ubulungisa.” Ngoku uYohane, engumprofeti lowo eliza kuye iLizwi leNkosi, liza kuphela kumprofeti. UYohane, ekubeni engumprofeti, waqonda ukuba elo yayiliDini. Kwaye ngokoMthetho, ukuba idini lalifanele lihlanjwe ngaphambi kokuba lisondezwe, kwaye naso isizathu sokuba aMbaptize. Yabona? Wathi, “Kuba kusifanele thina ukuba sizalisekise bonke ubulungisa.” IDini, awayeLilo, kufuneka lihlanjwe esityeni sokuhlambela ngaphambi kokuba lisondezwe njengedini. Kwaye uYesu wayeliDini; kwaye uYohane wakwazi oko, kwaye wayesazi ukuba Umelwe kukuba ahlanjwe ngaphambi kokuba asondezwe. Kwaye ngoko kanye emva koko, Wasondezwa kuluntu ngenxa yokuvavanywa kwaye wabaliDini ngenxa yabo bonke ubomi bomntu. INkosi inisikelele.

²² Ngoku siyakuba noMyalezo omncinane omfutshane, kwaye sithembe ukuba iNkosi iyakusipha iintsikelelo zaYo. Ngoku, mhlawumbi, ukuba ndiyakubuya. . . ndiyahamba kule veki ilandelayo ukuya kusa abantwana kwikhefu elincinane phezulu ezindulini. Kwaye ngoko ukuba ndi—ukuba ndibuye kwangexesha, sifuna ukuthetha kwiCawe elandelayo ngentsasa, ukuba kuvumelekile oko kuThixo nakumalusi apha. Siya kunazisa kule veki ukuqhubeka, nina bangaphandle kwedolophu, ngendlela yencwadi. Ndifuna ukuthetha ngomxholo wokuba kutheni ngokuchanekileyo sikholwa izinto ezo esizikholwayo malunga noKristu, kutheni kufuneka kube ngolu hlobo kwaye hayi ngenye indlela. Yabona? Kwaye sikungqine oko ngeZibhalo. Ngoku, ukuba iNkosi ithandile. Ukuba andenzi njalo, ndiyakuzama ukunibona kobu busika okanye kwihlobo elilandelayo, enye, xana sibuyayo,

ukuba iNkosi iyalibala. Ngoku sibuyela ekhaya e-Arizona, ke ukuze sibuyisele abantwana esikolweni.

²³ Ngoku, ngale ntsasa, kanye ngaphambi komthandazo wabagulayo, sizakufunda elinye leLizwi likaThixo. Ntoleyo, siyazi ukuba ngaphandle kweli Lizwi, akukwazeki, akukho nto inokwenziwa. Kwaye liLizwi kuphela elinokovelisa ezi ntsikelelo ezo esizicelela abagulayo nabasweleyo. Kwaye ndifuna ukufunda amanye ngoku ngokuvela kuPetros wokuQala, isahluko se-5, siqale ngomqolo woku-1. Kwaye ngoku ukusuka kwiNcwadi yamaHebhere, ndifuna ukufunda amaHebhere 2:2-4.

Amadoda amakhulu aphakathi kwenu ndiyawavuselela, nam kananjalo endikwayindoda enkulu, nengqina lembandezelo kaKristu, kwaye kananjalo nedlelane lobuqaqawuli obo obuya kutyhilwa:

Wondleni umhlambi kaThixo ophakathi kwenu, nithabathe ubuveleli phezu kwawo, hayi ngokunyanzeliswa, kodwa ngokuzithandela; hayi ngenxa yenzuzo embi, kodwa ngokwengqondo elungeleleyo;

Ningabi njengamakhosi phezu kwelifa likaThixo, kodwa nibe yimizekelo kumhlambi.

Kwaye xana uMalusi oyintloko eyakubonakala, niyakwamkela isithsaba sozuko eso esingadluliyi.

Ngokunjalo, nina abasebatsha, zithobeni kumadoda amakhulu. Ehe, nonke zithobeni omnye komnye, kwaye nize ningombhathi...kwaye nembathiswe ngokuthobeka: kuba uThixo uyabachasa abanekratshi, kwaye abanike inceba abathobekileyo.

Zithobeni...phantsi kwesandla esinamandla sikaThixo, ukuze aniphakamise ngezeshela elililo:

Niliphose kuye lonke ixhala lenu; kuba uyakhathala ngenxa yenu.

²⁴ Kwaye kumaHebhere, isahluko se-2, sifunda la Mazwi. Ngoku nditsalela ukunika ngetekisi, “ukuphosa ixhala lakho.” ndi...Ittekisi yam yile: *UyaKhathala. Ingaba UyaKhathala?* Ndifuna ukufunda le nxalenye ngoku, ngelithuba nisatyhila kumaHebhere 2, ukuze nibone e—eyona ntsingiselo yokwenene yala Mazwi, loo nto ayiyo, loo nto le tekisi iyithethayo.

Ngenxa yoko simelwe kukuzinyamekela ngokugqithiseleyo izinto ezo esazivayo, hleze nangaliphi na ixesha siziyeke ziphuncuke.

Kuba ukuba ilizwi elathethwa ngezithunywa laye—laqinisekiswa, kwaye lonke ukrejo nokungathobeli kwamkela imbuyekezo enobulungisa;

Sothini na thina ukusinda, ukuba asiluthabatheli ngqalelo usindiso olungakanana; elathi okokuqala laqala lathethwa ngeNkosi, kwaye laqiniselwa kuthi ngabo abo abamvayo;

UThixo kananjalo ethwele...ubungqina, kunye... kokubini ngemiqondiso nezimanga, kunye...neentlobo zemimangaliso, nezibabalo zikaMoya oyiNgcwele, ngokokuthanda kwakhe?

²⁵ Ndifuna ukusebenzisa umxholo apha, wokuba, “Uyakhathala.” Kwaye, “Wenjenjalo?” Xana wayelapha emhlabeni, Wayebakhathalele abantu. Inginga yayo iyeyavuka engqondweni yam nje ngaphambi kokuba ndithethe okanye ndithandazele abagulayo, ndingazi nje ukuba luhlobo luni lo—lomgca wokuthandazela olo esiya kuba nalo.

²⁶ Ndi, ndi...kuqala, kwaye ukusondela oku, isihlewele simelwe kukuba sithanjiswe ngokholo. U—u, ukuba awunalo ukholo, ngoko akukho—akukho mfuneko yokuba nkqu uze kuthandazelwa, ngokuba iyakuthabatha ukholo lwakho nokholo lwam kunye; ukholo lwam lokuMkholwa, ukholo lwakho lokuMkholwa. Ke asikulibali oku ngoku njengokuba ndiqhubeleka. Kufuneka sibe nento ethile ngokobungqina, enobungqina, ndithetha, ukuba sinokusekela ukholo lwethu phezu kwaloo nto esizama ukuyenza. Ngokuba ukuba umntu usondela kuyo nantoni na leyo afuna ukuyenza, ngaphandle kokholo olwaneleyo, unyanzelekile ukuba abe ngosilelayo. Kodwa ukuba unokuyisondela ngokholo olwaneleyo, ngoko unyanzelekile ukuba aphumelele ukuba oko kungokwentando kaThixo nenjongo ukukwenza oko.

²⁷ Ngoku, bendicinga ngaYe ekhathala. Ngokuhlwa okugqithileyo, ngandlela ithile, ngokungaqhelekanga, ndiyendakhokelwa nguMoya oyiNgcwele: Xana bendilindele abafo abathile ukuba beze kunceda uMzalwana uWood ukubeka i—itreyila leyo ebeyakhile ngasemva kwilori yakhe, Bendingazi ukuba kutheni ndizama ukufumana umhlobo wam olungileyo, uMzalwana u—Evans, kwaye ndiye ndaya, ndaqalisa kuhola wendlela, ntoleyo, inkosikazi yam nosapho lwam abahleli emva apha bayayazi ukuba iyinyani, kwaye ngandlela ithile, ngokungaqhelekanga, ndajika kwaye ndabuyela emva kwindawo, ihotele esecaleni kwendlela.

²⁸ Kwaye, owu, indlela eyachwayitisa ngayo intliziyo yam ukubona abaninzi babahlobo bam behlanganisene phaya malunga nemizuzu emibini yexesha, yade yavala indlela, iinqwelo mafutha bezingasakwazi ukudlula kwakhona, abahlobo nje bokwenene, beqhube amakhulu eemayile, bevela eGeorgia naseTennessee nase-Alabama, kwaye konke ngeenxa zonke, nje uku—ukuva inkonzo. Ngoko loo nginga yafika engqondweni yam, “Ngoko yintoni endinokuyithetha kwabo

bantu, ndisazi ukuba ngeMini yoMgwebo kuyakufuneka ukuba ndiphendule ngaloo nto ndibaxelela yona?” Kwaye nam ngokunjalo ndingu—ndingumthandi wobu bomi bukhulu obo obuya kuza, kwaye ndi—ndifuna ukuba phaya.

²⁹ Kwaye ngoko ngokungaqhelekanga ndaya kwindawo apho ndiyendenza khona ukujika okungaqhelekanga. Endaweni yokuba ndijikele phaya, ndenyuka ukuba ndenze ukujika. Izibane zadanyaza kwisibini esithandekayo ngaphandle, amanenekazi amabini alungileyo endandisandula nje ukubatshatisa kubalungiseleli ababini abalungileyo abaselula. Kwaye uSathana, emva kokuba ebone u—umlungiseleli, omnye wabo ulungiselelo lwakhe lumisiwe kwaye wathabatha i—i qabane lobomi kanye apha, kwesi siguqo. Bahamba ngolonwabo ukuya kwindawo yabo yolonwabo lomtshato, kwaye—kwaye utshaba lwatsibela phezu kwalo mfana. Kwaye ndithetha oku ukuphuhlisa loo nto endiyithethayo, “Ingaba Uyakhathala na?” Ngandlela ithile, ngokholo oko akuyikuthabatha “hayi,” bajika kwaye babuyela kwalapha, besazi emva kokuba babekude lee ngaphaya kwi (kude phakathi empuma) apha ndaweni ithile kulonwabo lwabo lomtshato, babuyela emva kwaye babehleli, belindile. Kwaye ndangena, umfana omhle; inkosikazi yakhe ihleli ngaphandle, ilila, yena nomkhaphi wabo omncinane. Kwaye enye indoda kunye nomnye umzalwana besiza, bebaleka, ongumhlobo walo mfana, esithi, “Owu, Mzalwana uBranham, *nje na nje* kwenzekile.”

³⁰ Ndaya phaya kwaye ndambona lo mfana mhle ehleli phaya, nje emandleni obomi bakhe, inkokheli yabafana, ihleli phaya, waze uSathana wambopha. Akazange aqaphele, kodwa ndathabatha isandla sam (sokhohlo) ukuze ndixhawule isandla sakhe (sokunene), ukubona ukuba isifo esithile asimbethanga na. Kodwa kwakungekho mqondiso wakungeangcazela. Ndiphuma kanye kwigumbi lokuthandaza nokuzila ukudla, kwaye ndilindele eNkosini, intambiso yoMoya oyiNgcwele yayi phaya, kwaye kungenxa yoko Yakhokeleyo, yabona. Kwaye ngoko ekuboneni esi sithunzi sobumnyama siphezu kwakhe, andizange ndayitsho loo nto endandiyenza, kodwa ngaphantsi kwemizuzwana nje embalwa yexesha yayihambile yonke lonto, ukubanda kwezandla zakhe bekumkile, wayekhawaza kwaye edumisa uThixo, imizuzu embalwa yokuba azifumane. Kwaye naba behleli kanye apha kusanje, behleli phakathi kwesihlele. Uyayibona indlela uSathana awayezama ngayo ukumphazamisa laa mfana, ngokubhekisa kuye ngezinye iintsonkotha eziya kwakhiwa kwakhona, ezo uMoya oyiNgcwele wayezazi, kwaye ndakubona oko ngombono weNkosi. Kodwa uThixo wayikhathalela loo ndoda. UThixo wamkhathalela loo nkwenkwe encinane.

³¹ Nje ndisangena kwimizuzwana embalwa edlulileyo, i—inenekazi, Ndilibona lihleli apha epasejini, lingena...nje

lazifumanela indawo yokuhlala ngandlela ithile, laza lahlala phantsi. Lathi, “Iminyaka elithoba, Mzalwana uBranham, bendizama ukukufumana.” Kwaye wathi, “Ndinesidingo kakhulu! Ndilapha emva kwexesha, kwaye andikwazanga nkqu nokufumana ikhadi lomthandazo ukuba ndibesemgceci.”

³² UBilly, kakade, yimiyalelo yakhe ukubona ukuba andikhathazwa, ondingenisayo nondikhuphayo. Musani ukubangqwabalala kuBilly, uyalelwe yile bhodi yamathenjwa ukuba ayenze loo nto. Kwaye ukuba akakwenzi oko, bendingekhe ndibe nako ukuya kumgca wokuthandazela, ndingene apha. Niya kuqaphela oko. Yabona, kufuneka kubekho inkqubo kuyo nantoni na esiyenzayo. Si—simelwe kukuba sibe nayo, yabona. Kodwa yena esithi, “Yiza, tata, khawuleza,” eli.

³³ Inenekazi labuya emva. Kwaye lathi, “Mzalwana uBranham, ilizwi nje kunye nawe.” Ndimi phaya, umbono wavela phezu kwalo mfazi uselula ukhangeleka elungile, kwaye ndabona ukuba intliziyo yakhe yayinomthwalo. Kwaye wayezama ukusebenza ukuze aziphilise. Kwaye i—into enkulu yenzeka emva, emva phaya ngexesha labazali bakhe, leyo eyabangela le nto enkulu ukuba yenzeke kuye, kwaye iNkosi uYesu yayityhila kwaye yabonisa ukuba yayiyintoni na. Kwaye phaya, kumzuzwana nje wexesha, yayithabatha ukusuka kumfazi. Wahamba ejikeleza evuya. Kwaye ngoku ehleli apha kwisihlwele kunye nathi ngoku, evuya, ngeenyembezi, njengoko esosula amehlo akhe ngoku, esazi ukuba inyaniso yaloo nto yenziwa yazeka. Kwaye nokuba, intoni, laa mfazi mncinane uliphakuphaku, lowo owayeliphakuphaku kakhulu kangangokuba wayengazi ukuba enze ntoni ngaye, kwaye wayecinga ukuba uhambile, kwaye kwakungekho Moya oyiNgcwele, kwaye olu lusuku lwakhe lokugqibela. Wayezamile iminyaka elithoba kwaye wayesele emalunga nesiphelo sokuphelelwa lithemba, UThixo wamkhathalela loo mfazi mncinane lowo owayengakhathalelwe bani. Yabona? Elinjani ixesha! Uyakhathala.

³⁴ Xana Wayelapha emhlabeni, njengokuba ndisitsho, Wabakhathalela abantu kakhulu wada Wabaphilisa abagulayo babo, wazithuthuzela iintliziyo zabo, wabaxelela malunga ne—nendawo ukuba apho Ebeya kuya khona kwaye abalungisele, kwaye uya kubuya kwakhona ukuze abamkelele kuye ngoKwakhe. Wayebakhathalele. Kwaye qaphela, Wakhathala kakhulu wade, xana Wayesazi ukuba Umelwe kukuba emke ukuze azise le nto inkulu kuthi, Wathi, “Andiyi kunishiya nizinkedama, kodwa Ndiya kuthumela uMoya oyiNgcwele, kwaye Uya kuqhubela phambili inkathalo yaM kuni,” ade Abuye. Akukho bani ukhathala njengoYesu. Esazi ukuba umzimba Wakhe, njengoMbingeleli oMkhulu, kumsebenzi wobumeli Awenzayo ngoku, loo Mzimba umelwe kukuba ube seBukhloneni bukaThixo ngawo onke amaxesha, ukwenzela

ukuthethelela, ukuze uThixo angabinako ukusibona isono somoni; Ubona kuphela iGazi longoWakhe uNyana. Kwaye esazi ukuba, Wathumela uMoya oyiNgcwele ukuba aqhubele phambili ukuthuthuzela abantu Bakhe. Ingaba Uyakhathala na? Ngokuqinisekileyo, Uyakhathala. Ngoku, Wayeya kuqhubela phambili ukubakhathalela abantu, abantu Bakhe apha emhlabeni, kwangolo hlobo olo Awayebakhathalele ngalo xana Wayelapha. Ngokuba Wathi kuYohane oNgcwele, isahluko se-15, ukuba ufuna ukwenza... ndinamanqaku abekwe apha ngezi Zibhalo apho ndibhekisa khona, uYohane oNgcwele 15:26 no 27.

³⁵ Ndibona abaninzi benu bebhala iZibhalo phantsi. Ke ndingabhekisa koku ukuba anisazi, kumaxesha amaninzi, kwiSibhalo. Ndibhala iSibhalo phantsi, ngoko ndiyayazi into endithetha ngayo ukusuka apha, kuba isoloko iseLizwini leNkosi. Yabona?

³⁶ Wathi, xana uMoya oyiNgcwele efikile, Lowo uBawo ayakumthumela eGameni Lakhe, Uyakungqina ngaYe. Ngamanye amazwi, Uyakwenza kwaloo nto inye Awayenzayo. UMoya oyiNgcwele esebenza ngomnquba lowo Awawungcwalisayo, uyakwenza kwaloo nto inye Awayenzayo. Ngoku, loo nto imelwe kukuba isenzele ntoni thina! Ngoko siyazi ukuba kanye phakathi kwethu namhlanje sinayo iNkosi uYesu ekwanye ethuthuzelayo ikwimo yoMoya oyiNgcwele, enye i-ofisi leyo uThixo ngoKwakhe asebenza kuyo.

³⁷ WayeyiNtuthuzelo kuSirayeli xana wayenokukhangela phezulu aze abone iNtsika yoMlilo, kwaye eve umprofeti ethetha aMazwi lawo awayeyinyaniso, kwaye uThixo eLingqinela. Leyo yayiyiNtuthuzelo yabo.

³⁸ WayeyiNtuthuzelo xana Wayelapha emhlabeni njengomntu, uThixo enziwe inyama. UThixo ezimele ngoKwakhe Ezibonakalisa ngo—ngoMntu, UKristu Yesu, Owathembisa oko “Imisebenzi leyo Ndiyenzayo niyakuyenza nani ngokunjalo. Kwaye ndiya kuBawo, kwaye ndiya kumthumela eze uMoya oyiNgcwele, Lowo oya kuba ndiM kwimo kaMoya. Kwaye Ndiya kuba nani, kwaye ndihlale kuni. Kwaye kwa ezo zinto zinye ezo Ndizenzileyo apha, uMoya oyiNgcwele uyakuzenza kwakhona eGameni laM, xana Efika.” Yabona? Yiyo loo nto Awathi, “Ukuthetha nxamnye Noko” ngoku emva kokuba ucamagushelo sele lwenziwe, yayi sisono esingaxolelekiyo, ukwe “nyelisa uMoya oyiNgcwele.”

³⁹ Kwaye Ubeya kukwenza ngendlela efanayo, ukuze sazi ukuba yayiyintuthuzelo evela kwinqanaba elithile lasemhlabeni nokuba besiyakwazi ukuba yayiyintuthuzelo evela kumntu othile owalupheleyo ababenokubeka iingalo zabo bazijikelise kuthi kwaye asigone kancinci kwaye asenze sizive silungile, okanye—okanye igama elithile lezakwalizwi lehlelo ebeliyakuthi

“ngoku ningabethu, kwaye siyifumene; kwaye ningabi ngababo bonke abanye, kuba abanawo.”

⁴⁰ Wakwenza oku kwangqala ngokuqinisekileyo, yabona, “Uya kuthetha eGameni laM. Imisebenzi leyo Ndiyenzayo niyakuyenza nani ngokunjalo, xana Ephezu kwenu.” Yabona, Uya kuthuthuzela ngendlela ekwanye, ngokuzixolela zonke izono zethu, aziphilise zonke izigulo zethu, kwaye athethe kuthi ngentuthuzelo yobuKumkani obo obuya kuza. Yabona, ezingqinela ngoKwakhe phakathi kwethu, njengokuba uThixo wazingqinelayo ngoKwakhe phakathi kwethu ngoYesu Kristu. Kwaye ku—Timoti wesiBini. . . UTimoti wokuqala 3:16, ibhalwe ngale ndlela, yazi malunga noThixo, “Ngaphandle kwempikiswano siyaqaphela ukuba inkulu imfihlelo yobuthixo, kuba uThixo wabonakalaliswa esenyameni.” Sambona uThixo esenyameni. Leyo yayiyintuthuzelo kaThixo, ukwazi ukuba Uza kakhulu kangako (Wayesikhathalele) wade Waba ngomnye wethu. UThixo wabonakalaliswa esenyameni. Hayi nje omnye umntu, kodwa uThixo ngoKwakhe!

⁴¹ Kwaye ngoku ukuyenza elinye inyathelo elisondeleyo, Wathumela uMoya oyiNgcwele ukuba akhathalele intuthuzelo yethu, Kwaye Uhlala *kuthi*. Owu, Uyakhathala!

⁴² Ngoku kufuneka siye phambili kwenye inxalenye yeSibhalo apha, okanye enye ingcinga ukuxhasa oku. Ngaphambi kokuba ndihambe, ndingakhe nditsho oku: wonke umntu ongenaye lo Mthuthuzeli. Bona, abanaye, abanaYe. Ke isizathu sokuba bangabi naYe, kungokuba abamamkeli. Ungowabo, kodwa abamamkeli. Ngoku, ndiyathemba ukuba ningabomoya ngokwaneleyo uku—ukufunda loo nto endiyithethayo. Yabona? Ndithetha kwiqela labantu elo eliyakuthandazelwa kwimizuzu nje embalwa. Kwaye sinale Ntuthuzelo kuMoya oyiNgcwele lowo othunyelweyo ukuThuthuzela, kodwa bonke abantu abayi kwamkela Oko. Abakholwa kuYe. Yabona? Bona, ukuze bakwenze oko, ngoko baqokelela intuthuzelo yabo ukuphuma kubuncwane obuthile, kweminye imizamo. Ukuba abamamkeli uMthuthuzeli uThixo abonelele ngaye, ngoko kufuneka bafumane omnye othile umthuthuzeli, yabona, ngokuba awunako ukuphila ngaphandle kokuba kubenento ethile ekumele uyiphilele.

⁴³ Kwaye ndiyathemba ukuba ngamnye wenu uyakufumana oko, ingakumbi nina bantu abo abayakuthandazelwa, abo abangakhululekanga kakhulu ngale ntsasa, kunye mhlawumbi ngeenkathazo ezo oogqirha abangenako ukuzichukumisa.

⁴⁴ Sikholwa ukuba oogqirha bayabanceda abantu. Ndiyakholwa ukuba uThixo uyaphilisa ngamayeza. UThixo uyaphilisa ngotyando. UThixo uyaphilisa ngokuqonda. UThixo uyaphilisa ngothando. Nje uthando oluncinane luhamba indlela ende. Makhe umntu othile akhathazeke, kwaye nje

ubabonise ukuba uyabakhathalela. Yabona? UThixo uyaphilisa ngothando. UThixo uyaphilisa ngomthandazo. UThixo uyaphilisa ngemimangaliso. UThixo uyaphilisa ngeLizwi Lakhe. UThixo uyaphilisa! Nokuba yintoni na, uThixo uyaphilisa ngayo. NguThixo lowo ophilisayo, kuba Wathi, “NdiyiNkosi leyo ephilisa zonke izifo zakho.” Ke konke kufanele kusebenze kunye, kwaye amandoda kumalungiselelo ohlukeneyo kufanele asebenze kunye ngenxa yoko. Yabona? Ngoku, kodwa abakwenzi oko, ngokuba ngamanye amaxesha abavumelekanga ukuba bathabathe amanyathelo athile phezu kweLizwi likaThixo, ngokuba amahlelo abo athile akabavumeli ukuba benze oko. Kodwa oko akuyimisi iNyaniso, nje ngokufanayo, uThixo uyaqhubeka ephilisa ngokufanayo.

⁴⁵ Ngoko bazama ukutsala intuthuzelo ukusuka kobunye ubuncwane. Makhe sithethe kuqala ngomphefumlo.

⁴⁶ Sifumanisa ukuba abantu abaninzi bazama ukufumana intuthuzelo ngokusela. Uyazi, sinethetha eyaziwayo kakhulu phakathi kwethu namhlanje, yokuba—yokuba abalungiseleli abaninzi bayasela ngelinye ixesha ngaphambi kokuba baye eupulpitini, bathabathe i—i—isiselo esilungileyo esinzima sokunxilisa. Ibisaziwa ukubona abalungiseleli eqongeni, abo nkqu babegxadazela phantsi kwempembelelo yotywala. Kwaye oko—oko akufanele ukuba njalo. Akufanele kube njalo. Kungenxa yokuba amaxesha amaninzi sinokuyigweba indoda xana mhlawumbi besingafanele ukuyenza loo nto, kufuneka sifumanise emva ukuba yintoni inkathazo. Abaninzi babo baguquka bephuma etywaleni. Kwaye sifumanisa ukuba, ukuba bakuloo meko, lihlazo nengcikivo. Kodwa akulohlazo ngaphezu kokuba ibiya kuba bubuxoki, ukuba, okanye ukukhanuka abafazi, okanye nayiphi na enye into leyo isemyalelweni. Yabona? Kwaye mhlawumbi indoda izelwe inomdla ophezulu, kwaye ibona aba bafazi bazihlubileyo bangoku esitalatweni, kwaye u—usoloko esenkathazweni. Yabona? Yona, loo, indoda izelwe ngolo hlobo. Ngoku, into amelwe kukuyenza, umlungiseleli lowo uselayo. . .

⁴⁷ Okanye u—okanye umfazi lowo otshayayo, okanye, lowo unxiba ngokuziphethe kakubi, ezama ukuzitsalela intuthuzelo ukusuka ekubeni emiliswe kunye kakuhle kakhulu, ukuba ufuna ukubangela indoda ukuba ikhangele kuye. Akukho esinye isizathu. Uphambene ngokuyinxenye. Yabona? Akukho mfazi ubhadlileyo oya kwazi ukuzihluba phambi kwamandoda, lowo onengqondo yakhe ephilileyo. Yabona? Akukho sizathu sako oko konke konke. Kwaye yena, kodwa uzama uku, la mantwobazana aselula namhlanje lawo aphumela esitalatweni, angawokwenene. . .Ke, nixolele intetho. Kwaye khumbulani, le teyiphu ayipheleli nje kwaba bantu balapha kuphela, iya kwihlabathi lonke jikelele. Yabona?

⁴⁸ Kwaye u—umfazi lowo oya kukhulula iimpahla zakhe azisuse

kuye, kuba esazi ukuba kushushu. Ahambe aphumele phandle phaya elangeni, ehamba ze, kwaye ngoko ahambe enxibe ezinye iimpahla, kwaye ezo kuzezona zipholileyo? AmaNdiya phaya ezantsi ePapagos neNavajos; amaPapagos, ngakumbi, lawo aselugcinweni, abo bafazi baphuma neengubo ezinkulu zewulu zibajikelezile, kwaye bahlale phandle phaya elangeni ukuze baphole. Ngokuba? Bayabila, kwaye umoya ophephezayo ubeka isicwangcisi somoya, uyabona. Kwaye aba bafazi abanaso esinye isizathu ngaphandle nje. . . Abayazi lonto, abayiqapheli lonto. Anditsho ukuba bayakwenza. Abaninzi babo ngabafazi abalungileyo, kwaye andiyitsho lonto ukuba ndibekrwada. Nditsho oko uku—ukuzama uku—uku—ukubavusa. Yabona?

⁴⁹ NguSathana kuphela, yabona. Uyaqaphela esinye isini, isini sendoda sikhangele phezu kwento enjalo, banika impembelelo enjalo kubo bade babe—babe nokutswinizisa amatayala wabo kwaye babethe ikhwelo le—le—lengcuka ikhwelo. Kwaye—kwaye—kwaye bayenzela ntoni loo nto? Abafazi bayakwenza oko ukuze bafumane amadoda ukuba enze oko. Kutheni uphumela ngaphandle, kanye kubushushu bemini, kwaye ngentsimbi yesine entloko emva kwemini, ukucheba ingca xana abantu bebuya emsebenzini yabo nezinto ezilolo hlobo? Ibonisa ukuba ngumoya wempambano. Kwaye ndiyazi ukuba uninzi lwabo lusenokuba ne-IQ yesigidi seemayile ngaphezulu kune yam, kodwa ndivavanya i-IQ yakho ngeLizwi likaThixo ndize ndibone apho iphuma khona. Yabona? Leyo yi-IQ yalemihla, kodwa kwabona ubungqina kunye neziqhamo zobomi ziyangqina. Ke bazama ukufumana intuthuzelo ngaloo nto.

⁵⁰ Abaninzi babo bathi, “Ke, andikwenzi oko.” Kodwa bazinxibise ngokwabo ngoko hlobo lwembonakalo bade bazame ukuba ngabanguku ngakumbi kunomfazi abo abayakuhlala ecaleni kwabo enkonzweni ngentsasa elandelayo, banxibe umnqwazi ongcono okanye iimpahla ezingcono kancinane, ngokuba unako ukwenza oko. Yabona? Yabona, isono sifikelela kude ezantsi. Kwaye bazama ukufumana intuthuzelo ngokwenjenjalo. Kwaye bane. . .

⁵¹ Ibe yinto enjalo yade yabetha isizwe ngokupheleleyo, hayi kuphela isizwe, kodwa ihlabathi liphela. Zininzi izinto endinokuzithetha apha, kodwa, ukonga ixesha, inkonzo yempiliso iyeza, ndi—ndingathetha ngokubanzi ngale nto, kodwa andinakukwenza oko. Ndiqinisekile ukuba niyakuyiqonda into endiyithethayo. Oku, kubethe ihlabathi lezopolitiko, ubomi bezopolitiko, ubomi basekuhlaleni, ubomi bokuziphatha kwesizwe, babantu kwihlabathi lonke jikelele. Ifikelele kwindawo ade amadoda afune ukuba ngosopolitiki nje ukuze abe negama lokuba angosopolitiki. Bafumane imali eninzi, anokutsala iivoti kwaye aqeshe oomatshini bokwenza oko, na—na njalo njalo, nje ngenxa yegama, kwaye ixabisa izigidi nezigidi zedola, yabona, ngenxa nje yegama lokuba

ngusopolitiki omkhulu. Ukwanele kuthethiwe kuloo nto, niyayazi into endithetha malunga nayo.

⁵² Kwaye ubomi basekuhlaleni! Abantu bazama ukuhlanganisana kunye kobu bomi buphambeneyo basekuhlaleni. Musa ukundixeleli ukuba ihlabathi aliphambenanga, kwaye lisenza ngalendlela elenza ngayo. Ngokuqinisekileyo linjalo. Ngokuqinisekileyo. Lihlabathi eliphakuzelayo. Kwaye ngobabalo lukaThixo kuphela kwendlela esinokuphucuka ngayo. Qaphela, kobu bomi basekuhlaleni, abantu bafikelele kwindawo leyo aba—abanxulumana neeziduko ezincinane, kwaye bangena phaya baze bacinge, “Singcono kuneqela elilandelayo.” Yabona? Kwaye yona, kwenziwa nje ngaloo ndlela. Kwaye kukuziphatha, ibethe ukuziphatha kwabantu kude, ngokunyanisekileyo, zihlobo, andikukholwa nkqu ukuba (ihlabathi) ilizwi “ukuziphatha” liyaqatshelwa phakathi kwamashumi alithoba epesenti labantu besi sizwe. Abalazi nkqu nokuba yintoni (ihlabathi) igama “ukuziphatha” lithetha ukuthini na. Li—lisabile lesuka kubo. Kwaye kwenziwe ngobuqhophololo kakhulu oko.

⁵³ USathana unobuqili kakhulu, yabona, kwaye uyenza ngokulula kakhulu lonto, kakhulu—kakhulu unobuqili, nje intwana encinci *apha* kwaye encinane *phaya*, kwaye kuyeke oko. Unexesha elininzi, ke ubaleka nje kancinci *apha* kwaye kancinci *nalapha* kwaye, into yokuqala uyazi, abantu ngokuthe ngcembe bafudukela kuyo. Yintoni eyayiya kwenzeka ngomfazi, emva xana ndandiyinkwenkwe eneminyaka elishumi elinesithandathu ubudala, ukuba wayehambe esihla ngesitalato njengokuba esenza namhlanje ngesimo sokuhluba iimpahla? Ngokuba, babeya kumvalela entolongweni. Ke, ukuba yayingalunganga ngoko, ayilunganga ngoku. Yabona? Kodwa, uyabona, uSathana waqalisa nje ukunqumla izikeyiti, nokubathobela phantsi, kwaye—kwaye kuya kwenzeka ukuba kubekho umntu othile oya kuyila enye kancinane ngaphaya kwemikini okanye ibhikini, okanye nantoni oyibiza ngayo loo nto, ukuya kwigqabi lomkhiwane. Niyakhumbula na! Kunjalo oko, iya kubuyela kanye ngqo emva. Kwaye i, ikhona ngokubonakalayo ngoku.

⁵⁴ Kwaye ngoku sifumana, zonke ezo zinto kungenxa yokuba abantu bazama ukufumana intuthuzelo. Bazama ukufumana into ethile leyo aba... Kwaye khumbulani, intuthuzelo yenu yinkolo yenu, kwaye nenza ezo zinto unqulo lwenu. Yabona? Olunjani usizi ekuqapheleni ukuba ukufa kubekwe kanye phambi kwenu. Yabona? Kude, konke oku kwenzekile kude kubonakale ngokungathi ukuba akukho i—isiseko esiluhlalima esishiyweyo esizweni sokuba kwakhiwe nantoni na phezu kwaso.

⁵⁵ Makhe nje ndinibuze into ethile. Aninakukholwa nto, phantse, ngaphandle kweBhayibhile. Sisenaye uKristu;

ndiyabulela kuThixo. Yabona? A—aninako ukukholwa nantoni na. Ufika kwi. . . Umzekelo, xana uvula umabonakude wakho (nina abo banento enjalo), kwaye xana uvula umabonakude wakho kwaye ubone e—ezorhwebo, ke, ukuba umntu wazama ukuphila ngekhulu lezo rhwebo, uya kufa nje ngeveki. Yabona, ubungenakuyenza lonto. Kunye nento ethile leyo inkampani iya kuyahlulahlula, njengemveliso, kwaye ithi, “*Nantsi into apha, kwaye musa ukuba nale ngapha,*” kwaye kwalo nkampani inye ithengisa kwalo mveliso inye. Ngoko omnye umrhwebi uya kuza, athabathe *oku* kweli cala kwaye hayi *okuya*, kwaye kwalo nkampani inye. Abantu baseMelika bawela kwizinto ezinjalo, ide yonke loo nto ibe ibolile, kude kungabikho mathemba konke konke. Akukho mntu waziyo ukuba makakholwe ntoni na. Kodwa ndiyakunixelela emva komzuzwana into emaniyikhholwe, ukuba nifuna intuthuzelo, ukuba iNkosi ithandle.

⁵⁶ Abantu, bayaxoka, bayaqhatha, bayeba, de uphantse ubenesiqinisekiso sokhuseleko ukuboleka iidola ezintlanu komnye umntu. Yi. . . Uyazi, iBhayibhile iyakuthetha oko, ukuba akusayi kubakho thando ngemihla yokugqibela ngaphandle nje phakathi kwabantu abonyuliweyo. Kunjalo oko. IsiBhalo siyathetha ngako oko, ukuba umyeni uyakuba nxamnye nonkosikazi, nonkosikazi nxamnye nomyeni, abantwana nxamnye nabazali. Nje phakathi kwabeNyuliweyo beNkosi bekungayikubakho naluphi na uthando oluseleyo.

⁵⁷ Iinkonzo zingene kwinto enye ukuphuma kubomi basekuhlaleni. Bakuzisa oko ebandleni, ubomi babo basekuhlaleni nezopolitiko zabo nezinye izinto zabo, bade balifumana ibandla lididekile ngolona hlobo lade alazi ukuba lenze ntoni na. Bazise ezopolitiko ebandleni. Bazise nobomi basekuhlaleni, ubomi babo basekuhlaleni ebandleni, imisebenzi yabo yasekuhlaleni, imidlalo yamakhasi okanye amadayisi, okanye nokuba yintoni na abayibiza ngayo, kwaye nezi zidlo zangokuhlwa kunye nemijuxuzo, na njalo njalo, endlwini yeNkosi. Kutheni, lu—lusizi.

Bathi, “Ke, ngoku, oko ayikuko, oko kukwisihlomelo.”

⁵⁸ Khumbulani, yayisisihlomelo kwakhona eso uYesu awabetha a—abarhwebi baphuma nempahla yabo yokurhweba, kwaye wathi, “Kubhaliwe, ‘Indlu kaBawo yenziwe indlu yokuThandaza,’ kwaye niyenze umqolomba wezihange.” Yabona? Akulunganga, andikhathali nokuba kuphi na. Okoko nje ibandla. . . Ibandla ayisosakhiwo kangako, ngabantu abasesakhiweni. Kwaye ukuba abo bantu balindele koku, ngokuba, akulunganga. Kwaye bazise loo mkhuba.

⁵⁹ Ngoku sifumanisa ukuba amabandla, nawo, ahlala ethembisa into ethile, njengomabonakude na njalo njalo, leyo abangekaze bafikelele kwi—kwinto abayithembisileyo. Njengoko bendihlala ndisitsho, isicatshulwa sakudala, “Umntu

uhlala edumisa uThixo ngento Awayenzayo, adumise uThixo ngento Ayakuyenza (ekhangele phambili kuloo nto Ayakuyenza), kwaye ngoko ungayihoyi loo nto Ayenzayo.” Yabona, ba—ba—bayasilela. Kwaye yiloo ndlela abathi babe yimbali ngayo emva kwethuba, yabangcolisekileyo, yabona, ngokuba basilela ukuqaphela ngoku! Unganokuthetha ngentuthuzelo uKristu awayinika kwaba kanye, kwaye utsho ukuba intuthuzelo Uya kuyinika kwizigaba ezizayo, kodwa wale intuthuzelo leyo Anayo apha ngoku ukwenzela wena. Yabona? Ikwisiseko esifanayo esifumana oko. Ke, iba yinto enkulu. Ngoku fumanisa ukuba be—beza . . .

⁶⁰ Oko kwade kwaba nkqu nakumaPentekoste, emabandleni. Kungene kwiindawo zamaPentekoste, ukuba basoloko bethembisa into ethile leyo abangaze bafikelele kuyo. Kuhlala kukho ukuba wonke umfo unemvakalelo eyahlukileyo, kwaye—kwaye ayenze nokuba ingokwesiBhalo okanye hayi, kwaye bathembisa into ethile leyo abangasoze bafikelele kuyo, ide ibonakale ngokungathi ifikelele kwindawo apho phaya kungabonakali ukuba kukho nakuphi na ukunyaniseka. A—abantu abafikeleli ezantsi koba bomi bokwenene bokunyaniseka. Ilahlekelwe li . . . Kwa igama lesiNgesi *lokunyaniseka* ilahlekelwe i—lixabiso layo ebantwini. Okanye, ngendlela yabantu yo—yokuphila, ilahlekelwe kukunyaniseka kwayo kubo. Ngoku babonakala bengaqondi.

⁶¹ Nkqu nakuvumo lwethu! Ngoku, ndifuna nina bantu abo bezayo, okanye apha nibambe . . . okanye kwi—kwiteyiphu, Ndifuna ukuba niphulaphule ngenyameko ngoku okomzuzwana kwesi sicutshulwa. Sona—sona . . .

⁶² Ngaphandle kokuba unyaniseke ngokunzulu! Kwaye awukwazi ukunyaniseka de ube uqinisekile ukuba uyaqonda. Ukuba uyaqikelela, okanye uyaqikelela, okanye uthemba njalo, ngoko akunakubakho bunzulu bakunyaniseka obo uThixo abufunayo. Lu, ukholo, asinguye u “ndithemba njalo” okanye “isenokuba ilungile.” Kufanele ibe njalo ngokupheleleyo “Amen!” Sisiqinisekiso sakho. Si—si—sesakho—sisiqinisekiso sakho. Yinto obotshelelwe kuyo. Yabona? Kufuneka ufike kwisiqinisekiso sakho, leyo “YiNyaniso kwaye kukho . . . Akuyonto ngaphandle kwenyaniso, kwaye Kumele kube njalo!” Kwaye ngoko xana uqaphela oko engqondweni yakho, ngoko kuya kufuneka usondele kuYo ngombi bakho bonke, umphefumlo, umzimba, konke okukuwe, nje ngokupheleleyo uthengise ngento yonke kuyo. Njengoko uYesu ngobabalo wasifundisayo kwindoda ethenga iiperile, yaze yafumana Leyo inexabiso elikhulu yaza yathengisa zonke ezinye zayo ukuze ufike kuYo. Zonke iinyaniso nayo yonke into awayenayo, nangona yayiziperile ezilungileyo, yena—yena . . . le Yona yayithetha konke kuye. Kwaye xana ufumana isiQinisekiso sikaThixo, iLizwi Lakhe, idinga phezu kwento ethile, kufuneka

wazi kuqala ukuba liLizwi likaThixo, okokuba into leyo oyibone isenziwa nguThixo. Phaya—phaya akukho—phaya akukho “mhlawumbi kunjalo, kusenokuba njalo, ikhangeleka ngokungathi isenokuba njalo.” “NguThixo!” Ngoko xana ufika kuloo ndawo, ngoko leyo yiPerile yexabiso elikhulu, kufuneka umke kuyo nantoni na leyo nabani na ongomnye okuxelela ngokuchasene naYo. Akufanelanga ukhangele kuloo nto umntu ayizuzileyo. Kufuneka ukhangele kuloo nto uThixo ayithethileyo naloo nto Ayithembisileyo, kwaye uMbone oko ekwenza, ngoko eso sisiQinisekiso sakho kanye phaya. Kwaye ngoko yonke into leyo oyiyo, yonke into leyo owawuyiyo, nayo yonke into leyo othemba ukuba uyakuba yiyo, kufuneka kubekwe phezu Koku njengokungathi yayikukufa nobomi kuwe ngaloo mzuzwana.

⁶³ Ndinga ukuba enye into leyo ebangela ukuba abantu bethu bangaphiliswa kukusilela kokuvuma izono, kukusilela kokuvuma izono okunyanisekileyo. Ngoku, umzekelo, oku kunokuvakala kakubi kancinane, kodwa andithethi oko ngale ndlela. Kodwa, ndikhangele kunkosikazi wam ohleli apha. Ukuba ndingaphuma apha namhlanje ndiphose iingalo zam ndizijikelise komnye umfazi kwaye—kwaye ndenze uthando kuye, kwaye ndiyakwazi ngoko, emva kokuba ndenze oko, ukuba bendungalungisanga, ndingalungisanga kakhulu. Ngoku, kakade, uMthuthuzeli wam uyakundigcina ekwenzeni oko. Yabona? Yabona? Kodwa ndithetha ukuba ndi—ukuba ndingakwenza oko, kwaye ndi...ukuba kwenzekile oko ndikwenzile oko okanye nantoni na efana nayo. Kwaye ngoko ndiyazi into yokuqala kukuba ndithi kunkosikazi wam, ngaphambi kokuba nditsho kuThixo, “ndixolele,” kuba ndone nxamnye naye. Ukuba uza esibingelelweni kwaye ukhumbule ukuba unento, yiya ulungise oko kuqala, ngaphambi kokuba unikele isipho sakho. Ke kufuneka ndiye kuye. Ndiyakholwa ukuba ekuvumeni izono singqalisa izinto kananjalo. Ayikokuvuma izono ngaphandle kokuba kunjalo.

⁶⁴ Kuthini ukuba bendingathi ngoku, “Ukuba ndiza kuyivuma, ukuba ndenze okungalunganga, Ndithi, ‘Nkosi eLungileyo, Owu Mhlobo wam, Uyazi ukuba ndiyakwazi Wena kakuhle ngenene. Makabongwe uThixo! Haleluya! Ndi—ndi—ndi—ndicinga ukuba Ungumfo omdala olungileyo. Ndixolele. Uyazi, omdala, omdala uMhlobo, bendi—bendingathethi ngaloo ndlela’”? Yabona?

⁶⁵ Ngoku, uthi, “Oko kuyahlambela.” Kunjalo. Ukwenza uvumo lwezono ngolo hlobo, kunjalo.

⁶⁶ Kodwa kungathini ukuba ndiyahamba ndithi, “Nkosi, bendi—bendingathethi ukwenza oko ngaloo ndlela, kwaye Uyandinceda kwaye andisayi kuphinda ndikwenze oko kwakhona”? Uyakulala idini lam ndide kuqala ndiye kwaye ndilungise oko nonkosikazi wam.

⁶⁷ Ngoko kungathini ukuba ndiza kuye ngokungenantlonelo okufanayo, kwaye ndithi, “Ndithi, ntombazana endala, mhlobo wam wakudala, mama wakudala wabantwana bam, nesthandwa sentliziyo esidala, uyazi ukuba sibe ngabahlobo ixesha elide. Ndithi, kungathini ukuba ndibeka iingalo zam ndizijikelise komnye umfazi? Kwaye uthini malunga noko, mntwana omdala, uyakundixolela?”

⁶⁸ Ndiyayicinga indlela ayakukhangeleka ngayo. Uyakucinga, “Kwenzeke ntoni kumyeni wam?” Yabona? Ngoku, into yokuqala, ubengenokwazi nokuba bendidlala okanye bendingenzinjalo.

⁶⁹ Kwaye akuhambi ngaloo ndlela ukuya kwenza isivumo kumzalwana wakho okanye uThixo. Uya ngobunzulu bokunyaniseka, kunye nosizi lobuthixo lwesono sakhona. Okokuqala, kufuneka uzidanele. Kufuneka ndimxelele, “Sthandwa, yiza apha, kusenokuthetha bonke ubomi bomtshato wethu. Umfazi lowo endiphile naye, eso sisithandwa sam, kwaye indlela ebendikuthande ngayo yonke le minyaka. Kodwa ngoku usenokundishiya, ukusukela koku ukuya phambili, usenokungahlali nam, usenokungandamkeli. Kwaye ndiyayazi loo nto. Kodwa nangoko, ukuze ndiyilungise, kufuneka ukuba ndilunge.” Kufuneka ukuba ndimxelele ngobunzulu bentliziyo yam.

⁷⁰ Ngoko kufuneka ukuba ndixelele uThixo ngendlela efanayo. Kwaye ndibaxelele bobabini yena noThixo, ngokunyaniseka, ukuba andisayi kuyenza lonto kwakhona, ngobabalo lukaThixo. Yabona? Musa nje ngokwenene... Ngoku, ndisenokwazi ukuyibeka phezu kwakhe, kwaye yena (yabona?) akayikubona. Mhlawumbi intetho yam kuye ibiya—ibiya kumkholisa, kodwa intetho yam ayisayi kumkholisa uThixo. Ukhangela kwintliziyo yam kwaye Uyazi. Kwaye emveni kwakho konke, nje eminye iminyaka embalwa kunye naye, ukuba uThixo uyasivumela, kwaye siyakukhutshwa kweli hlabathi. Kodwa noThixo, linguNaphakade, ngoko kufuneka ndinyaniseke ngokunzulu kunye noThixo. Kwaye ngoko ukuba ndinyanisekile, Uya kundiva. Kodwa ukuba andinyanisekanga, akukho mfuneko yokuba ndichithe ixesha likaThixo ngokundiphulaphula.

⁷¹ Kwaye kulapho ifikelele khona namhlanje, phakathi kwabantu, akubonakali kukho ubunzulu bokunyaniseka obo—obo bafanele ukuba nabo.

⁷² Kwaye ndiyakholwa ukuba indoda okanye umfazi oya kuthandazelwa, kufuneka kuqala bavume yonke into leyo abayenzileyo, kwaye balungise yonke into. Ngokuba, uyabona, uyaqaphela amaxesha amaninzi eqongeni, uyaqaphela, khangela ukuba ukude kangakanani na u-ITSHO INKOSI. Yabona? Yabona? Abantu, umbono uyakwenzeka, kakade, ngokholo lwabo, uThixo wakuthembisa oko ngesibabalo. Kodwa

impiliso yinto eyahlukileyo, yabona; uThixo uyayiqaphela ngoko, yabona.

⁷³ Ngoku, siyaqaphela, oko kukuba, abantu abenza ukuvuma kwabo, bamelwe kukuba beze ngobunzulu bokunyaniseka. Apha ndine, andinaxesha lokuyifunda, kodwa iseBinghamton, eNew York, ndiyakholwa. Okanye, ndifumene oko ngokuphosakeleyo? Ehe, eBinghamton, ndiyakholwa ukuba ilungile. Indawo apho iNkampani yeZihlangu zakwa-Endicott ikhona. IBinghamton, ndiyakholwa ukuba ibizwa ngokuba yiBinghamton, iBinghamton, kunjalo oko, eNew York. Sasiphaya kwindawo yezihlangu zakwa-Endicott Johnson, iholo enkulu, kwaye sasinomhlangano phaya. Kwaye ngenye intsasa, uBilly Paul wayesemnyangweni olandelayo kowam, kubanda ngokwenene, imimoya ibhudla. Kwaye ndandifumene, phakathi kwabantu, ukunqongophala kokunyaniseka, kwakubonakala njalo. Kwaye nda—ndandizibuza ukuba kutheni. Apha yayiyindoda leyo eyaphiliswa, injongo, okanye indoda enye inga—ingakumbi leyo ndithetha ngayo. Indoda yayinembandezelo enkulu, kwaye yayiphilisiwe ngobu busuku imi phaya. Kwaye ngaphambi kokuba sihambe, iintsuku ezintlanu, imbandezelo yabuyela kuye kwakhona. Yabona? Ngokuba, kuBukho bukaMoya oyiNgcwele, Bayisusa loo nto kuye. Kanye njengokuba Benzile kulo mfazi uselula kwithuba elidlulileyo phandle apha eyadini, umfana kubusuku ubugqithileyo, yabona. Kodwa kufuneka kubekho ukunyaniseka okunzulu ukwazi ukuba uThixo lowo onokukususa kuwe ngoku, ngaloo ntambiso inye ekuwe, inganako ukuyigcina ikude kuwe. Yabona? Kwaye ngoko uMoya oyiNgcwele wathetha kum ngenye intsasa, malunga nokukhanya kwemini, kwaye wathi, “Nyukela eqongeni okanye kwenye indawo, kwaye uzise aba bantu phezulu phaya kwaye ubenze bavume yonke into leyo abayenzileyo, ngaphambi kokuba ubathandazele.” Yabona? Ubunzulu bokunyaniseka!

⁷⁴ Ngaphandle kokuba ihlabathi liguquke, limelwe kukutshabalala. Yabona? Kwaye ukuvuma izono yinto ihlabathi eliyiswelelo namhlanje, kukuvuma okunyanisekileyo.

⁷⁵ Kufana neyeza lesifo. Sonke sinokufunda ebhotileni ukuba luhlobo luni lweyeza kwaye sisiphi isifo eli—elimelwe kukusinyanga. Kodwa, uyazi, ukufunda imiyalelo, ndiya kuysibenzisa loo nto njengakwiBhayibhile, izikolo zethu kunye nezikolo zakwalizwi zinganako ukulifunda lonke iLizwi. Kodwa, uyazi, nje ukufunda imiyalelo kunye nendlela yokulithabatha, oko—oko akusinyangi isifo. Yabona? I—inalo iyeza, ke kufuneka lithatyathiwe! Ke indoda isenokuthi, “Ndingu—ndingumfundi wezenkolo. Ngoku, musa ukuthetha kum, ndi—ndi—ndi. . . malunga *nje-na-nje*, ndiyazazi iZibhalo. Ndi—ndiyazi ukuba iBhayibhile ithetha *oku-no-ku*, oko ‘Lowo ulivayo iLizwi laM,’” uYohane oNgcwele 5:24, umzekelo, “‘Lowo ulivayo iLizwi laM, aze akholwe kuLowo

waNdithumayo, unoBomi obunguNaphakade,” okanye uKing James uyibeka ngokuthi *unaphakade*, ntoleyo *enguNaphakade*, ngokufanelekileyo, “unoBomi obunguNaphakade,’ ngokuba ekholiwe.”

⁷⁶ Abantu abaninzi bathi bayakholwa. Ngoku, leyo yinyaniso. I—i—iSibhalo sichanekile. Ndi—ndifunda u—u—uMyalelo, ndifunda loo nto uMyalelo uyiyo, kunye neYeza ngenxa yesono sam, kodwa ingaba ndingaLithabatha? Ndingalikholwa? Ndisenokuthi “Ndiyakholwa,” kodwa ingaba ndiyakholwa? Leyo yinto elandelayo. UkuLifunda nje kwaye wazi imiyalelo, akusinyangi isifo. Inkathazo yile (kwimeko yethu) asisayi kuthabatha loo nto iChiza elithi yenze. Sinalo iChiza, kodwa asisayi kuLithabatha. Sithi senjenjalo, ngokuba sinako ukuLifunda; kodwa ekuLithabatheni ngenene, asikwenzi oko. Yabona, iVangeli ikwayindlela enye, liyeza, kule meko. Ukuba isigulane...Kwaye ichiza lingqiniwe ukuba liyasinyanga isigulane, kwaye isigulane sifunde konke malunga no—nokufunyanwa kwesi siyobisi, kwaye bayasazi sonke isisindo seyeza elo likuso, bayawazi onke a—amagama enzululwazi ezo zifumene esi siyobisi sithile, njengesitofu sokugonya iSalk na njalo njalo. Ukuba si—ukuba siyalazi lonke iLizwi malunga naLo, kodwa sale ukuLithabatha, aLisayi kusinceda. Yabona, A—Alisayi kusinceda.

⁷⁷ Kodwa, kwaye ngoko sitsho njani, “Kodwa salithabatha!” Kwaye ukuba uthi ulithabathile, kwaye isigulane singabonisi ziphumo, asizange silitshathe. Kuphelele apho. Njani, ukuba loo wotshi iseludongeni ibingeyonto exakekileyo, yabona. Bendingathanda ukuhlala apha kwaye ndiyihlise ngamandla ngokwenene ngenxa yaba—yabantu bethu, ekubeni iVangeli izingqinile ezi zinto, kwaye babanga ukuba bayaLithabatha, kwaye bayabonisa ukuba abaLithabathi! Angazifunda njani umntu iZibhalo phezu kwento encinane leyo endithetha malunga nayo, malunga nabafazi abanqothule iinwele nabaxibe iibhulukhwe ezimfutshane, na njalo njalo ngolo hlobo, bangazibiza njani ngokuba ngamaKristu xana lona iYeza ngokwaLo lisithi oko kwahlukile! Yabona? Njani? Uthi, “Kodwa ndaxhentsa ndikuMoya, ndathetha ngeelwimi.” Oko akuthethi nenye into. Ubomi bakho buyangqina ukuba awuLithabathanga! Yabona? Wathi u—uLithabathile, kodwa awuzange! Kuba, usabonisa zonke iimpawu ezo iYeza ekufuneka ukuba lizinyange. Kwaye iYeza, kumgca weVangeli, lunyango oluqinisekisiweyo! Limelwe kukuba njalo. Ngoku, uyabona, kufuneka ubonise iziphumo.

⁷⁸ Uthabatha umntu abathi bona banjalo, “Ndili. Ndilikholwa. Ndiyakholwa.” Makhe ukuKhanya kweVangeli kubabethe, mzalwana, baYithabatha kanye ngoku! Kwaye baya kubonisa iziphumo. Ngokuqinisekileyo. Awusayi kuyibona loo ndoda kwamanye amagumbi wokusela, awusayi kuyibona apha

phandle iphethe umdiza esandleni sayo, awusayi kumbona esela. Owu, hayi. Awusayi kumbona edlala ngothando nabanye abafazi. Hayi, hayi, hayi. Andikhathali nokuba bayiphosa kangakanani inyama yabo yobufazi ngaphambi kwakhe, uyakuyijika intloko yakhe ayibhekise esibhakabhakeni kwaye akhangele kuKristu. Yintoni? Ibonisa ukuba iYeza lisebenzile. Kwaye ukuba alisebenzi, uthi, “Ke, ndiyazi ukuba ndiLithathile,” ke, ngoko uphi namhlanje ngoko? Uyafa. Uyabonisa! Ndikhangele kuwe njengoxilonga imeko yakho, nge—ngeBhayibhile, ukuba usesesonweni. Kwaye umvuzo wesono kukufa. Musa ukucinga ukuba kufuneka yenziwe icace nangakumbi. Yabona, izenzo ezizezakho ziyagqina, izenzo ezizezakho ziyangqina ukuba awuzange uLithabathe. *Ucinge* ukuba wenjenjalo. Amen. U—usenokuba ubunyanisekile wonke ekuyenzeni lonto, kodwa awuzange uyenze lonto! Kuba, ukuba ubuyenzile, uThixo wathembisa ukuba Iyakusebenza kuwe. Kwaye isono esidala sisekho phaya, imvelo ka-Adam omdala isazilazila phaya, ukungakholwa okudala. Nangona uzama ukuzenza, phambi komzalwana wakho, uthi, “Ke, ndilikholwa. Owu, uzuko kuThixo! Ewe, ndilikholwa.” Kodwa, uyabona, Alizange likuncede nganto.

⁷⁹ Mhlawumbi isigulane ngokwaso sasingazange nkqu samiselwa ngenxa engaphambili kwi—kwiYeza. Ukuba kunjalo oko, aLinakuze lisebenze. Kunjalo oko. Uyabona?

⁸⁰ Kodwa khangela kulaa mfazi mncinane uziphethe kakubi xana ukuKhanya kwambethayo, kwakukho into ethile ebekwe phaya ukukhathalela imeko yakhe. Yabona? Ukuba siyakholwa kwaye sivuma ngokunyanisekileyo, eli Chiza lwendlela kaThixo luyasebenza. UThixo unendlela aboneleleyo ngayo kwezi zinto.

⁸¹ Ngoku, yabona, umntu uya kuhamba, athi, “Ke, ndazibandakanya nenkonzo. Loo nto indanele.” Oko akuyondlela ekubonelelwe ngayo nguThixo.

⁸² Indlela abonelele ngayo uThixo yinguquko, ukuvuma izono, nokubonisa iziphumo, ukuvelisa isiqhamo esiyifaneleyo inguquko, ukubonakalisa ukunyaniseka. Ukuba nina bantu niyakwenza oko kusanje, abo bayakuthandazelwa, nani bantu abo bayivayo le teyiphu, kwihlabathi lonke jikelele, kwaye emva kokuba le teyiphu idlaliwe, kunye nomlungiseleli, okanye umntu oyidlalayo ebandleni, amaqela ngaphandle emahlathini, okanye noba kuphi na apho nikhoyo, abo bayidlalayo, niya kwenza kuqala uvumo zono lwenu lucace, kuze *emva* koko nize ningenanto entliziyweni yenu konke konke kuphela ukholo, kwaye nithandazelwe, kukho, iYeza eliya kuthabatha indawo.

⁸³ UYesu wathi, “Guqukani, nonke ngabanye!” Ndithetha ukuba uPetros wakwenza ngoMhla wePentekoste, “Guqukani, nibhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono, kwaye niya kwamkela isiphso soMoya oyiNgcwele.”

Xana niguquka ngokupheleleyo kwaye nikholwe eNkosini, kwaye nibhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu, wenza uThixo ixoki ukuba awumamkeli uMoya oyiNgewele. Ukuba . . . uYesu wathetha oku, umyalelo wokugqibela kwibandla Lakhe, “Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo. Ukuba bathe babeka izandla phezu kwabagulayo, bayakuphila.” Kwaye ubona loo miqondiso ilandelana nekhohla, kwaye unyuke uze kwaye elo kholwa libeke izandla phezu kwakho, ize into ethile ingenzeki, ngoko kukho into engalunganga ngokholo lwakho. Yabona? “Ikhohla!” UThixo wathembisa indlela ebonelelayo.

⁸⁴ Sizama ukufumana intuthuzelo ngokuthi, “Akufuneki ukuba ndiphulaphule.” Hayi, yinyani leyo, akufuneki ukuba uphulaphule.

⁸⁵ Kodwa ukuba umiselwe ngenxa engaphambili kuBomi obunguNaphakade, uyakuLiphulaphula kwaye uyakuvuya kuLo. Liyintuthuzelo yakho. Yinto obuyilangazelela ubomi bakho bonke. Yi—Yilaa Perile, leyo, u—ulungele ukushiya yonke into. Yabona? UyaYifuna ngenxa yokuba uyazi ukuba yinkathalo yothando lukaThixo kuwe. Yinto yokugqiba umbuzo wesono, ukugqiba ukungakhohla, ukugqiba yonke into, kuwe, ukuba uyaYifuna. Ngulowo ogulayo ngokwenene kwaye esazi ukuba uyagula, lowo ozingela umnyangi. Yabona? Hayi lowo ongaguliyo, akamswelanga yena, uYesu wathi. Kodwa ngabo bagulayo. Ukuba unokuyiqaphela imeko yakho, ngoko kufuneka wenze njengokuba Wathi yenza. Ngoko imelwe kukwenzeka, okanye uThixo wathetha into ethile engalunganga. Yabona?

⁸⁶ Abantu abaninzi kakhulu ngelinye ixesha, iinkonzo zempiliso, aniqalisi ukusuka ezantsi kuzo. Kuya kufuneka ukuba nicoce ubomi, kufuneka ukuba nibe kwimeko, kuya kufuneka ukuba nithi ngokwenene, “Ewe, ndiyaLikhohla,” kwaye oko kufuneka ukuba kuphume entliziyweni yakho. Emva koko wena, akukho mntu ekufuneka abe yimpelesi yakho, athi, “Ngoku, owu, mzalwana othandekayo, dade othandekayo, umelwe kukwenza *oku*, umelwe kukuba wenze *oko*.” Ulikhohla, akukho nto inokuLisusa kuwe. Andikhathali ukuba nabani na uya kuthini, nayiphi na intuthuzelo, nawuphi na umthuthuzeli, nawuphi na ugqirha, nasiphi na isibhedlele, naluphi na uxilongo oluya kuyitsho, awulukholwa nangoko. Uyayazi Lonto! Akukho mfuneko yakuthetha nantoni na eyenye ngaYo, uyakwazi Oko! Ngoku, leyo yinto yokwenene.

⁸⁷ Sinokulinganiswa okuninzi kuzo zonke izinto. Kufuneka ukuba kube ngaloo ndlela. Musa ukuziva kakubi malunga nayo. Ifanele ukuba phaya. Kwahlala kunjalo kwaye kuya kuba njalo. Kodwa ndiyanixelela kusasanje ukuba yintoni iNyaniso kunye neenyani. Sikwixesha lesiphelo. Simelwe kukuyibeka phantsi le nto kwiNyaniso, yabona, kwaye siyazise ukuba yintoni iNyaniso.

⁸⁸ Ngoku sifumanisa ukuba abantu abasayi kuyithabatha

indlela kaThixo malunga nayo. Bafuna, bona...uThixo unendlela abonelele ngayo ukukuthuzela. UThixo unendlela ebonelela zonke ezi zinto. Kodwa abantu abaYifuni, abantu balandela ezinye iindlela. Kwaye ngalo lonke ixesha beyenza ngenye indlela ngaphandle kwendlela kaThixo, bazisa ingqumbo kaThixo phezu kwabo ngalo lonke ixesha beyenza lonto. Kunjalo oko.

⁸⁹ Kwaye zonke ezi zinto endithethileyo ngazo, isizisa koku, ihlabathi, zonke ezi zilandela ezinye iimpumelelo zenzululwazi, zilandela impumelelo yebandla, ukulandela izinto ezahlukeneyo kusizise ekupheleni kwehlabathi. Sisekupheleni. Akusekho themba nalinye liseleyo. Singaphandle kwethemba lokusinda. Asinalo nkqu nelinye ithuba lokusinda. Ngoku makhe ndikuxazulule oku okwemizuzu embalwa nje, kwaye nje ndikungqinele oko kuni.

⁹⁰ Kwaye ngamnye wenu, nifumana, ukuba awenjijalo, kufuneka ukuba ufumane incwadi yezonyango, kufuneka uthabathe iReader's Digest, na njalo njalo, apho ufunda khona ezi mpumelelo. Ngoku ukwenza...

⁹¹ Umlungiseleli apha uthumela lo Myalezo kwihlabathi jikelele. Ukwenza ingxelo efana nokuya, yokuba singaphandle kwethemba, ukuba singaphaya kwentlawulelo, ukuba sigqithile kumgca ophakathi kwentlawulelo nomgwebo, ngoku kufuneka ndilinye ibandla izizathu zokusekela le ngxelo. Kufuneka kubekho izizathu esithile sokuba umntu, ukuba usengqondweni yakhe ephilileyo njengoko ndicinga ukuba ndinjalo, uyakwenza ingxelo elolo hlobo, ukuxelela isizwe sakhe, ukuxelela ibandla lakhe, ukuxelela abantu apho iyakujikeleza ihlabathi kumashumi amathathu okanye amashumi amane ezizwe ezahlukeneyo, mhlawumbi, kwihlabathi jikelele, nabantu neelwimi, ukuba "sikwixesha lokugqibela," kusifanele ukuba sinikele ingxelo okanye—okanye—okanye ndicacise kancinane de sifike ezantsi kwitekisi yethu yakusasanje.

⁹² Khangela, ngoku makhe sikhangele ukuba yintoni inzululwazi kunye nemfundo ezisizisele yona, kwaye yiloo nto kanye leyo umntu athe wayamkela endaweni yeLizwi likaThixo, imvume yenzululwazi. Kwaye inzululwazi yasoloko iyibuyisela umva loo nto iyithethileyo. Ndandifunda apha kwixesha elidlulileyo apho inzululwazi yaseFransi yathi, malunga namakhulu amabini eminyaka eyadlulayo, okanye amakhulu amathathu, "Ukuqengqa ibhola ijikeleze umhlaba," kwaye yathi, "ukuba le bhola, ngesi santya... Ukuba ihlabathi liyakukha luyile uhlobo oluthile lwento ethile loo nto iyakubenza bahambe ubuncinane iimayile ezingamashumi amathathu ngeyure, into ethile elolo hlobo, ukujikeleza ihlabathi," ukuba yena ngokwenzululwazi uyingqinile lonto, "ukuba yona kubunzima bayo ibiya kuphakanyiswa kudontso lomhlaba ukusuka emhlabeni." Yabona? Ngoku,

ucinga ukuba inzululwazi ingabuye ibhekise emva kulaa mfo? Ngokuqinisekileyo akunjalo. Oko kukwixesha elidlulileyo, kubo.

⁹³ Ngoku, makhe sicinge ngoku, sonke sifuna ukuthi, “Ndifuna ukuyingqina ngokwenzululwazi.” Nantso into ethethwa ngamahlelo amaninzi abantu benkolo namhlanje. Bafuna ubungqina benzululwazi. Ke, ndingajika kanye ndibuyele emva kwaye ndithi, “Ngokwenzululwazi ndingqinele, uThixo ebandleni lakho. Ndingqinele nantoni na, ngokwenzululwazi, leyo iyinene. Ngqina . . .”

⁹⁴ Yintoni eyinene? Ubomi. Ndifuna undifumanele ikota yabo obuyifaneleyo, okanye—okanye makhe ndithengise yonke into endinayo, ukuze ndifumane loo nxalenye yobomi. Kwaye ingaba ubomi buyinene? Ukuba abunjalo, yintoni esikhoyo sonke apha ngenxa yayo?

⁹⁵ Ubomi, ukholo, uthando, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ubungcathu, ubulali, umonde, inzululwazi ayinakuzichukumisa. Kwaye oko kukuphela kokuyinene, into leyo ehlayayo ekhoyo. Sonke isikrweqe somKristu sikhangele kokungabonwayo. Kodwa izimvo azizichazi ezo zinto, kodwa zikhona. Naso isizathu sokuba kuthabathe ukholo ukuze ukukholwe oko, kwaye kuvelisa kuwe loo nto ukholo luyixelileyo ukuba ikhona phandle phaya. Ikuzisela yona, impiliso eNgcwele kunye nento. Abanako ukugqina ukuba yintoni ephilisa ngokuNgcwele, kodwa bayazi ukuba kukho impiliso eNgcwele. Ndi . . . Abanako ukungqina ukuba yintoni esindisayo ukuphuma esonweni, kodwa bayazi ukuba abantu bayasindiswa ukusuka esonweni. Ke oko akunakungqinwa ngokwenzululwazi, kodwa ingokwenzululwazi ngendlela kaThixo yokukhangela kuyo.

⁹⁶ Ngoku, yintoni inzululwazi esizisele yona? Ngoku, usenokwethuka nje okomzuzwana. Inzululwazi iye yasizisela ukugula, ukufa, kunye nezifo. Ngoku, nifundiswe icala elinye lomfanekiso. Kodwa kukho amacala amabini kuwo. Uthi, “Inzululwazi iye yayila *oku*, *okuya*, *nokunye*.” Ke, siya kukunika loo nyhweba. Kodwa makhe sikhangele kwelinye icala. Inzululwazi isizisele ukugula. Inzululwazi isizisele izifo, ukufa.

⁹⁷ Khangela! Ukuxubanisa kwenzululwazi kuzise ukufa kwisizukulwana, kokutya kunye nezinto. Ibenze abantu bathamba ngolona hlobo nokunjalo, kude a—amadoda kunye nabafazi benziwe ukuphuma kwemfumba yodaka, kwaye akukho—akukho—akukho kwakheka kubo. Baye baba yimfumba ethambileyo yamabhetyebhetye. Abanako ukuphila ngaphandle kwisipholisi moya, bayatshabalala. Abanako ukudlala umdlalo webaseball, ukuba omnye wabo uthe wopha ndaweni ithile, iyambulala, kwiqonga lamanqindi kunye

nantoni ngaphezulu. Kwaye bathambe ngolona hlobo ade amadoda nabafazi, ke, uyabagqwetha.

⁹⁸ Kwaye bafaka lo mxube kwiinkomo ntoleyo ibuyele ebantwini ngoku, ngokwenzululwazi ngokwayo, kwaye yenza umgqwetho kuzo. Ngokuba, xana i—inkomo ingumxube, okanye nakuphi na ukutya kungumxube, oko kutya kwenza iseli yegazi, kwaye iseli yegazi bubomi bakho. Uyabona ukuba yintoni eyenzileyo? Kwaye ngoko, enyameni, bafaka ezi zitofu apha enyameni, kwaye ngoku kungqiniwe ukuba ezi zitofu ziyasebenza phezu koluntu. Ngokwenzululwazi!

⁹⁹ Batshiza amasimi ngale DDT, ndayibona ngenye imini, kwaye ngoku sifumene amakhulu asibhozo abantu abagulayo kuluntu ngokutya amaqanda. Niyakhumbula kwiminyaka eyadlulayo xana ndandiqala, xana sasinesakhiwo sentwana encinci apha, kwaye ndandiprofeta, kwaye ndathi, “Kuya kuthi ngemihla yokugqibela, musani ukuphila entlanjeni kwaye ningawadli amaqanda.” Ndinako oko kwincwadi yam. Ndandicinga ukuba kukho into ethile malunga naloo nto, kwaye ndaya ndayikhangela. “Musani ukutya amaqanda.” Loo nto yayi semva phaya ngowe-1933. Amaqanda anento ethile kuwo ngoku, kwaye ndibona apho inzululwazi isithi khona ukuba umntu oneminyaka engaphezu kwamashumi amahlanu ubudala akufanele adle iqanda, ngokuba yeyona nto inzima entliziyweni enokutyiwa. Izifo!

¹⁰⁰ Ubisi, yayidla ngokuba kokona kutya kwethu kulungelelanisiweyo yayilubisi. Oogqirha baya kukuxelela, “Hlala kude kulo.” Lenza ukufixana nayo yonke enye into. Kusekwanguloo mntu lowo owayedla ngokulusela kwaye aphile iminyaka kwaye engazange wazi ukufixana, kodwa ukuzalana komxube na njalo njalo kophule ubume bomntu de kwaba yi akukho nto ngaphandle kwemfumba yodaka, ibhola—ibhola yokugula. Yintoni eyenze oko? Yinzululwazi!

¹⁰¹ Khangela! Kubangela iimfuza phakathi kwe—kwendoda nomfazi ukuba zibe buthathaka, ubuthathaka bomzimba womntu, ngenxa yemfuza, kwaye ukwanda kwabantwana abanokuqina kwemisipha kumalunga neepesenti ezingamashumi amathathu. Isifo sobumongoliya sikwinqanaba elikhulu. Kwaye nobu buthathaka bokuzalana kokutya oko esikutyayo ngenxa yobomi, kuwenzela buthathaka umzimba, ntoleyo ibangela umhlaza, iinkathazo zengqondo, nazo zonke iintlobo zezifo ezingena phezu komzimba womntu ngenxa yobuthathaka bawo. Inzululwazi, iyazitshabalalisa ngokwayo, ngokumka kwiicebo likaThixo.

Wathi, “Yonke imbewu makhe ivelise ngokohlobo lwayo.” Um-hum.

¹⁰² Niyabona apho sikhoyo? Ndingaqhubeka kwaye ndiqhubeke; ixesha lethu liyahamba. Kodwa, qaphela,

yintoni leyo ikwenzayo oko? Inzululwazi izise ukufa, ukugula, nentshabalalo.

¹⁰³ Kwaye ndabona ngenye imini, ndandithetha kumhlobo wam olungileyo, uGqirha Vayle ohleli apha, ukuba kulapho kukho inqaku lokuba abantu babulawa sisibulala zintsholongwane. Ngokwenene ayisosibulala zintsholongwane, bubumdaka obo ababuvumelayo ukuba bungene kuso xana basivelisayo isibulala zintsholongwane. Kukwenza imali, icebo lokubawa. Oogqirha abanikana ngaso ngamanye amaxesha abazi nkqu kwa ubume bokwenziwa kwesiyobisi esikuso, kwaye uyise wabo wabathumela ukuba baye kufumana u—ubungcali kwinto ethile engenye, kwaye abazi nokuba sinyangwa njani isisu esibuhlungu kumntwana. Kodwa yintoni esinayo? Ukubawa, abanye bayatsala, okanye into ethile encinane. Abasenabo phantse kwakhona owo didi lwakudala ugqirha welizwe lowo owayedla ngokuhla kwaye athethe nawe kwaye akuthuthuzele nokwenza yonke into. Bayamshiya uThixo kanye ngaphandle komfanekiso, ngokuba belandela indlela eyiyeyabo. Ukuze bamkhuphe uThixo emfanekisweni, baMcacisela kude. Nako ke apho sikhoyo.

¹⁰⁴ Yiloo nto esiyenzileyo ngokuxubanisa. Uyabona, umzimba... Yintoni eyenza isityalo esisempilweni, intsholongwane ayinako phantse ukufikelela kuso. Kwezi zityalo zokuzenzela, ezi zityalo zomxube kufuneka uzigcine ngokuzitshiza ngalo lonke ixesha. Kwaye abaninzi benu baye bafunda umyalezo wam ku*Nqulo Lomxube*, ukusigcina sitshiziwe kwaye sonaswe na—na njalo njalo. Qaphela, kodwa isityalo sokwenyani akufuneki ukuba sitshizwe, sesokuqala.

¹⁰⁵ Yintoni eyenza ukuba isifo size kumzimba womntu? Ngumzimba... Njengoko ndixelelwe ngugqirha oxabisekileyo umhlobo wam, lowo andingathandi ukulibiza igama lakhe kanye ngoku, kodwa ungumzalwana olungileyo kakhulu, uyewandifundela kutsha nje ngokuphuma kwincwadi yezonyango, incwadi kwi-ofisi yakhe apho agcina khona zonke ezi ncwadi zilungileyo kunye nezinto zamvanje kumayeza. Bubuthathaka. Uyaqaphela nabani na lowo ungowokwenene... Uthi umzimba wakho uphantsi, uthabatha ukubanda kanye ngokukhawuleza. Yintoni? Bubuthathaka bomzimba wakho lowo ovelisa umfina ukuphuma kumadlala akho. Kwaye, kuloo nto, iintsholongwane zokubanda zihlala apho ngokwazo kwaye ufumane ukubanda. Kodwa ukuba loo mzimba ubunamandla, ubuya kuyilahla loo ntsholongwane ibandayo, ibingazukuba nako ukuwuchukumisa.

¹⁰⁶ Ke, uyabona, xana uThixo wamakhayo umntu kwindawo yokuqala, wayengenaso nasiphi na isifo. Yabona? Kodwa ukungakholwa nenzululwazi, inzululwazi nemfundo zaba yinto yokuqala loo nto yamsusa umntu kuThixo, kwaye isamsusa nangoku.

¹⁰⁷ Nje khangela into imidiza nokusela, naba bazihluba iimpahla na njalo njalo, zigqibile ekwehliseni esi sizukulwana. Ndiqikelela ukuba nihlala nizibuza. . . Ndiza kwenza ingxelo apha. Bendingayi kuyenza loo nto, kodwa ndiyakholwa ukuba ndiya kuyenza.

¹⁰⁸ Yabona, bayazibuza ngelinye ixesha, basoloko bendixelela, “Mzalwana uBranham, yintoni—yintoni ekwenza usoloko uchola izinto ezilolo hlobo? Awuyiva lonto. . . Uthi uya kwinkonzo yomntu, ngokuba, ndingathabatha abafazi bababantu bakowethu kwaye abangekhe nkqu bakwazi nokuhlala bekhululekile apho uthetha khona. Usoloko ubangxolisa, ke, malunga neenwele zabo ezimfutshane, kwaye malunga nokunxiba iimpahla ezenzelwe amadoda, nazo zonke ezi zinto zilolo hlobo. Bathi, kutheni ukwenza oko?” Ngoku ndi—ndi—ndi. . .

¹⁰⁹ Lo isenokuba nguMyalezo wam wokugqibela kude kube lihlobo elilandelayo, uyazi, kodwa ndifuna ukunixeleya. Nantsi apho ikhoyo. NguMoya wokucalula kule mihla yokugqibela, lowo owaziyo ukuba loo nto yinto eqalekisiweyo phambi koThixo. Nje ndiyazibuza ngelinye ixesha ukuba abalungiseleli banalo na ucalulo lwemihla yokugqibela? Kwa lo Thixo lowo uxelayo apha eqongeni iimeko zenu nezinto enizenzileyo, kwaye—kwaye naloo nto ebeniya kuba yiyo, kwaye—kwaye nokuba zeziphi iinkathazo eninazo, kwaloo Moya mnye ungaphakathi kuwe ukhangele ngaphandle kwaye ubenakho ukucalula imiqondiso yexesha, kwaye Awunako ukuzibamba ekukhwazeni. NguMoya wocalulo, ngokuba uMoya oyiNgeweleyo ngoKwawo uthi loo nto sisono, kwaye nabani na odlelanayo nawo uya kutshabalala. Kwaye ngoko ndingagwetyelwa njani emehlweni kaThixo, kwaye ndibona oodade nabazalwana kuloo meko elolo hlobo, ukuba andithethi nxamnye nayo? Nkqu nangona bendicaphukela, nangoko kumele ndikhwaze nxamnye nawo. Lucalulo. Ngamanye amaxesha bayahluka eLizwini na njalo njalo, kwaye kukunqongophala kokucalula. Yiza ukhangelane nayo phantsi ngeLizwi. Yabona? Yabona, si—siyazi ukuba ilungile. Ke, si, siyazi ukuba yinyaniso. Kucalula kwemihla yokugqibela.

¹¹⁰ Ngoku siyabona malunga nenzululwazi, andi—andifuni ukuya kude ngaloo nto, ixesha lam nje liyabaleka ngokukhawuleza. Ngoku makhe sikhangele umzuzwana kwimfundo kwaye sibone loo nto iyenzileyo. Yabona? Ngoku sinamabandla amabini ngokubanzi.

¹¹¹ Ngoku, siyaqaphela ukuba yayikoko, ukuba oko yayisisizathu, izizathu eziqhelekileyo ezaqalisa ibhola yesono ukuqengqeleka kwindawo yokuqala. Yayizizizathu intoni? Izizathu nxamnye neLizwi likaThixo. Xana uThixo waxelela u-Adam no-Eva, “Mhla nithe nadla kuwo, ngaloo mhla niya kufa,” oko kwagqiba, loo nto kuko konke. Kwaye Wabanqabisa

nxamnye notshaba, emva kweLizwi Lakhe. Kodwa xana u-Eva, ephulaphula kwizizathu zikaSathana, yabona, inkcubeko, ukuqonda, imfundo, inkqubela phambili, yabona, waphumela phandle ngasemva phaya waze waphulaphula kwizizathu zikaSathana, kwaye wenza into leyo uThixo awayethe “musa ukuyenza.” Kwaye ukuba isizathu esinye, ukuphulaphula kwisizathu esinye nxamnye neLizwi kubangele sonke esi siphithiphithi, isizathu esinye nxamnye neLizwi kwakhona asisayi kukubuyisela kwindawo enye, kuba ibiya kuba bubudenge obunjani na kuThixo ukubuyisela umntu phezu kwakweso siseko Amkhuphe kuso. Yabona? Yabona? Umelwe kukuza kwiGazi likaKristu elaphalazwayo. Ihlelo lakho alisayi kusebenza, kwaye izizathu zakho azisayi kusebenza. LiGazi nokuzalwa, kwaye Livelisa kuwe isidalwa esitsha, uKristu, kwaye niphile ngokommo kaKristu, ngokuba iChiza elo enilithabathayo libonisa ukuba Libulala isono sokungakholwa, nxamnye nantoni na ngaphandle kweLizwi likaThixo.

¹¹² Imfundo isinika...phaya...Sinamabandla amabini akufuphi ngale ntsasa. Elinye lawo liBandla lePentekoste elo elasekwa ngePentekoste nguMoya oyiNgcwele; elesibini libandla lamaRoma Katolika elathi lasekwa eNicaea, eRoma. Elinye lawo kukuzalwa kokomoya; elinye lilungu lobukrelekrele. Ukusuka kweloo bandla kuphuma onke amaProtestanti, onke amahlelo aphuma khona. Elo yayilihlelo lokuqala. Onke amahlelo aphuma ukusuka kweloo kwaye ahlobene nalo eliya, ISityhilelo 17 sitsho njalo, “Wayelihenyukazi kwaye wayengumama wamahenyukazi.” Kujalo oko. Ke akukho...Imbiza ayinako ukubiza iketile ngokuba inamafutha, yabona, ngokuba i-ilungile, inye nje. Lenziwe umbutho, limkile, liseRoma. Andikhathali nokuba liyintoni na, limkile! IBhayibhile, siphuma nje kwezo zigaba zebandla, ukungqina oko. Elinye lisekelwe ekucaluleni kokomoya; elinye lisekelwe kwimfundo nakunqulunqo lwengqondo.

¹¹³ Ngoku, oko kusibuyisela kanye emyezweni wase-Eden kwakhona, kanye emva kwindawo enye. Umfazi (ibandla) yayinguye owaphulaphulayo, hayi u-Adam, umfazi! Ngoku bafuna ukuba ngumama olibandla, qhubelani phambili! Ichane kile kanye. Akukho nto iphumileyo exesheni. Benza uvumo lwabo, yabona. Yabona, kanye babuyela kwakuloo nto inye, ekungakholweni iLizwi likaThixo! ENicaea, eRoma, xana kwavela umbuzo malunga nobhaptizo lwamanzi, malunga nezinye izinto ezilolo hlobo, namalunga nobhaptizo loMoya oyiNgcwele oo—oobhishophu bekunye baseka loo nto yayibizwa ibandla lamaRoma Katolika, elali “bubukhosi” baseRoma, labizwa ngokuba. Nje ndasandula ukugqiba ukuthabatha imbali izolo, kwaye ndiphulaphule kuyo, ndayikhangela kwakhona. Kwaye yayiya kuba yeyaseRoma kuphela, eRoma yayilibandla lasebukhosini. Amanye nje

yayingodade bamabandla amancinane kulo, nje ebizwa ngokuba ngamaKatolika.

¹¹⁴ ICawe yethu ikwayiCatholic, iCawe yehlabathi jikelele, eyi—eyinkolo yehlabathi yawo onke amakholwa. Elinye lawo lizelwe ngoMoya kaThixo kwaye linoMoya oyiNgcwele kuLo, kwaye liyangqina ngoBomi balo, Imfundiso, kunye nesenzo, sokuba uMoya oyiNgcwele uphakathi phaya, ngokuba NguMthuthuzeli lowo uKristu—uKristu wamthembisayo, usebenza ebandleni Lakhe, usenza kwaloo nto Awayenzayo ekuqaleni. Yiloo ndlela iChiza losindiso lukaKristu lasebenza ekuqaleni, yiloo ndlela Elibenza ngayo namhlanje, lizisa kwaloo nto inye.

¹¹⁵ Elinye luqulungo lwengqondo lwehlelo elenziwe liqela lamadoda, eline “similo sokuhlonela sobuthixo,” njengokuba umprofeti wasixelelayo, “kwaye bekhanyela le Nyaniso yaMandla.” Ngoku, oko kucace kanye njengoko ndisazi ukuba kwenziwa njani.

¹¹⁶ Ngoku, kukho amabandla amabini. Elinye lawo lazalwa eNicaea; kwaye elinye lazalwa ngePentekoste. Kwaye—kwaye elinye belisoloko linxamnye nelinye. Size ngazo izigaba zebandla ukuze sikungqine oko, elinye linxamnye nelinye. Elinye lawo lilungile, lindilisekile, libandla elinobulumko elinezifundiswa ezilungileyo na njalo njalo; elinye lihlelwa njenge “gquba labaqengqeleki abangcwele.” Kwakusekuqaleni, “amanxila, abangafundanga abalobi bentlanzi,” kwaye ikwa yinto efanayo namhlanje, lisahlelwa kudidi olufanayo. Elinye lawo lelenzululwazi; elinye lelomoya. Elinye lulungiselelo ngenzululwazi; elinye kukucalula kokomoya kweLizwi. Elinye lilungiselelwe ngokwenzululwazi, loo nto amaqela amadoda akutshoyo, ubhishophu osisilumko. Elinye lizelwe ngokupheleleyo ngoMoya kaThixo, kwaye liphila ngoMoya kaThixo, kwaye lisebenza nokwenza kuzaliseke aMazwi lawo uThixo awathembisileyo. Kubonisa ukuba leliphi ichiza olithabathayo. Ingaba unechiza lemfundo? Ingaba uneChiza loMoya oyiNgcwele? Yabona? Konke kulungile.

¹¹⁷ Owu, obo buqhophololo bukaSathana! Indlela Anokuwupeyinta ngayo laa mfanekiso, Ubulumko bunokumenza umntu ongazalwanga ngoMoya kaThixo nje ajikeleze aze ajikeleze! Kwaye akukho ndlela, ngokwengqondo, yokubathoba ngayo. Akukho ndlela.

¹¹⁸ Kukucalula ngokholo, yabona, ucalulo. Siyakubona oko iLizwi likuthethayo, siyaLikhohla.

¹¹⁹ “Ngoko, Mzalwana uBranham, bathi banocalulo.” Ngoko uMoya oyiNgcwele makhe avelise ngokuchanekileyo oko wathembisa ukukovelisa, ngoko siyakukukholwa oko. Yabona? Nabo ubungqina baLo.

¹²⁰ Lenza njani iChiza xana Libetha umntu? “Lemiqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo,” Watsho. Ukuba iChiza libethe oko, ngoko oko kulungile. Yabona? Ke basizisa . . .

¹²¹ Oku kusizisa ngoku, ekuvaleni, kwimizuzu embalwa elandelayo, ke oku kusizisa ukusuka ku-Abheli noKayini, ukuya kumgwebo wexesha likaNowa, ukususela kanye ekuveleni kwemihla kaNowa. Ngoku, ngaphambi kokuba sibe nomgca wokuthandazela, phulaphulani ngenyameko ngelithuba ndigqitha kwezinye iZibhalo apha kwencinane—kwencinane itekisi.

¹²² Sifumanisa ukuba emva kokuba ihlabathi luthabathe uqulunqo lwalo lwegqondo lweLizwi, loo madoda aba ngamadoda amakhulu, amadoda adumileyo. IBhayibhile itsho njalo, kwiGenesis 6:4. Amadoda adumileyo ayeleqeka emva kwabafazi abahle ngenene nezinto, njengokuba sasinalo lonke ihlabathi. Nje ndidlulile kuyo *IZibane eziBomvu eziDanyazayo*, sithethile ngobunye ubusuku indlela abafazi ababeya kuba bahle ngayo ngemihla yokugqibela, indlela amadoda, amadoda adumileyo, njengehlazo kwiNgilani nase-United States. Kwaye liseza kufunyanwa ngolunye lwezi ntsuku. Yabona, awazi nje ukuba ayintoni onke la abizwa mantombazana nayo yonke engenye emalunga nayo. Yabona? Ingaba ubusazi ukuba kukho abathathu komnye kubafazi abathengisa utywala kunokuba bekhona kwisikolo samabanga aphakamileyo okanye intombazana yasekholejini? Abathathu ukuya komnye babafazi abathengisa utywala kunesikolo samabanga aphakamileyo kunye nentombazana yasekholejini. Ingaba uyayazi, ipesenti ethile, andinakuyibiza ngoku kuba ayikho phambi kwam, andizange ndiyibhale phantsi, kodwa phantse isinye kwisithathu sabantwana bezikolo eziphakamileyo kwilizwe lonke kusenokuba mhlawumbi kungqiniwe ukuba ukuziphatha kakubi okanye kunyanzelekile ukuba bagoduke ukuba bayoba ngoomama? Ingaba ubusazi ukuba ukuthabatha isibulala zintsholongwane ukubuyisela umva olosuleleko lokwazana kwababini kufake kuphela ukonakala phakathi kwabantu, ntoleyo, laa nto ayifanga? Kodwa nangoko, yabona, uThixo wathi uyakutyelela ukuya kwisizukulwana sesine. Ibangela isifo sobuMongoliya nayo yonke enye into, kwaye abantwana banjalo . . .Owu, indlela isono, esinobuqili ngayo! Indlela abo bantu, abo balungiseleli abayakuma kwaye bangashumayeli nxamnye nabo bafazi bazihlubayo esitalatweni, kwaye babavumele bacule ekwayaleni, nayo yonke into ngolo hlobo, kwaye yibone ukuba yiloo nto kanye leyo eyakuthumela isizwe sethu esihogweni, ithumele uhlanga lwethu esihogweni. Kunjalo oko. Ke ngoku sifumanisa ukuba emva kokuba uThixo sele onele yiyo, njengokuba ndikholwa ukuba Unjalo namhlanje . . .

¹²³ Ngoku ndiza kwitekisi yam. Ndinendlela engaqhelekanga

yokuzisa i...ndithanda ukwakha izinto ezininzi kwaye ngoko ndibethe kwitekisi yam. Ngoku, sifumanisa ukuba ngemihla kaNowa, xana uThixo wayeza kuligweba ihlabathi, xana lisiza kanye njengokuba linjalo ngoku, kuba uYesu wathi lalinjalo, ingaba Wakhathala? Ingaba Wakhathala? Yena, ngokuqinisekileyo Wakhathala. Wayekhathalele ntoni na? Ngoku, emva kokuba Wayesele esazi ukuba umgwebo uyeza, waze wawuvakalisa umgwebo, Wayebakhathalele abo bakhathalayo. Kwaye leyo yinto efanayo njengokuba injalo namhlanje. Wabakhathalela abo babethanda ukukhathalela. Kwaye sifumanisa ukuba Wabathumelela umprofeti ukuba abolathise, ukwalathisa abantu Bakhe abonyuliweyo kwindlela yabo ebonelelweyo yokusaba kwabo. Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Yabona? Sifumanisa ukuba uThixo uyabakhathalela abantu Bakhe. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

¹²⁴ Sisekupheleni, kwaye siyabona ukuba sisekupheleni! Akukho ndlela yokwakha phezu koko konakala. Sinokusakha njani isixeko phezu kwamabhodlo atshileyo waseSodoma neGomora? Sinokuyenza njani loo nto? Kukho enye kuphela into eseleyo, kwaye leyo kukubuya kweNkosi uYesu; owu, bethu, ukuhlanjululwa ngexesha leMbandezelo, ukuzisa ukubuyiselwa kwehlabathi, kubantu abalungileyo emehlweni kaThixo nabaphila ngeLizwi Lakhe.

¹²⁵ Qaphela, Wabakhathalela abo babekukhathalele ukusinda ngemihla kaNowa, kwaye Wabathumelela umprofeti. Kwaye lo mprofeti wabolathisa kwindlela ebonelelweyo nguThixo. Ngoku, leyo yindlela kaThixo yokwenza izinto. Yabona? UThixo wathetha kuNowa, owayeliLizwi (yayingelilo iLizwi elibhaliweyo ngoko), kwaye waxelela uNowa ukuba makalungise umkhombe wokusindisa abantu, nokulumkisa bonke abantu abo Awayenabo “indlela enye yosindiso.” Kwaye le ndoda yayingumprofeti ongqinelweyo lowo owabagqinelayo indlela yokusinda. Qaphela, abathobekileyo nabanyanisekileyo bayiva le ndoda kwaye bayikholwa, baze basinda. Basinda kwintoni? Ukufa kwehlabathi lesono elo elatshatyalaliswa ngaloo mhla, basinda kwindlela yokufa leyo eyayibekwe phezu kwehlabathi lonke. UThixo wayekhathala kakhulu! (Owu Thixo, nceda oku kwehle nzulu ngoku, ngaphambi komgca wokuthandazela.) UThixo uyakhathala!

¹²⁶ Ukhangelana phezu kwehlabathi ngoku namhlanje, kwaye Uyabiza kwaye Abize, kwaye bayacekisa baze bale. Kwakukho ithuba lenguquko ekuqaleni. Xana uThixo waxelela u-Isaya ukuba anyuke aze abeke...axelele uHezekiya ukuba uya kufa, uHezekiya waguquka kwaye kwabakho inceba. Xana uThixo waxelela uYona ukuba aye eNinive aze akhwaze, kuba kwiintsuku ezimashumi mane Uyakusitshabalalisa isixeko, bakhalela inceba kwaye kwabakho inguquko. Kodwa xana

beyala, akusekho nto iseleyo ngaphandle komgwebo! Kwaye isizwe simalile uKristu. Basilele ukunyamekela ubizo, ke akusekho nto iseleyo kodwa sikhangelene nomgwebo.

¹²⁷ Ngoku, ingaba uThixo uyabakhathalela abo baguqukileyo? Ingaba Ubenzele indlela? Ngoku siya kubona loo nto Awayenzayo kumaxesha adlulileyo.

¹²⁸ Ngexesha likaNowa, Wakhathala! Wathumela umprofeti, kwaye Wa—Wazisa indlela kwaye Wababonisa indlela, kwaye Wabenzela indlela yokusinda baza basinda emgwebeni. Kananjalo Wabakhathalela. Sifumanisa ukuba Wabazisa kwindawo apho Yena, kwimihla yokugqibela, kulapho (yabo bonke) ngaphambi kokuba umgwebo omkhulu ufike, Wabakhathalela kakhulu wade Wabalungiselela indlela leyo ababeya kungena kuyo kwaye babeya kukhululeka kuyo yonke imigwebo leyo eyayiya kuza.

¹²⁹ Ngoku, Wakwenza oko ku—kubaNyulwa. Ngoku, siyakwazi oko. Wakwenza oko kwabaNyuliweyo, kuphela kwabaNyuliweyo, ngoku! Yayingabo abayamkelayo le ntsobi yoBomi. Yayingabo ababemiselwe ngenxa engaphambili ukuba bayibone. Yayingabo. Thina sonke, ukuba siyayikholwa iBhayibhile, kufuneka sikukholwe ukumiselwa kwangenxa engaphambili. Yabona? Kunjalo oko. Hayi asingoThixo othandayo ukuba nabani na eve ubunzima, kodwa Wayesazi ukuba ngubani na owayeya kuYamkela kwaye ngubani na owayengasayi kuYamkela.

¹³⁰ Kananjalo Wabakhathalela abantu Bakhe abonyuliweyo ngemihla yokutshatyalaliswa kweYiphutha. Babesezantsi phaya eYiphutha baze baba ngamakhoboka. Ngemihla kaMoses, Wabakhathalela abantu. Wabathumelela ntoni? Umprofeti, kwakhona. Ingaba oko kunjalo? Kwaye Wabohlula abantu Bakhe ukusuka kwihlabathi elingakholwayo, ukusuka kumgwebo ozayo waloo mhla. Ingaba Wakwenza oko? Wakhathala xana iYiphutha yazifumbela izonzo zayo zaba phezulu ngolona hlobo de uThixo kwafuneka ukuba athumele umgwebo, ngokuba Wayesele emxelele u-Abraham, “Kwaye ndiya kusebenzana neso sizwe.” Ke endaweni yokuthulula ingqumbo Yakhe phezu kwabo bonke, Wathumela inkathalo Yakhe kubo. Wathumela uMthuthuzeli Wakhe kubo. Wathumela iLizwi Lakhe kubo. Kwaye Uhlala ethumela iLizwi Lakhe ngomprofeti Wakhe, njengokuba Wenzayo ngexesha likaNowa. Wenza kwa into enye ngemihla kaNowa. Ngemihla ka-Eli-...kaMoses, sifumanisa ukuba Wenza kwaloo nto inye. Wabathumelela umprofeti Wakhe, kwaye bazahlula ukusuka ekungakholweni. Ngoku, olo luhlobo olo luphumayo. Olo luhlobo olo lukholwayo Koko. Bamkholwa uMoses, ukuba wayengu... Emehlweni kaFaro, wayengoyibaxayo, wayengonemilingo, wayengumhanahanisi, wayeyinto ethile eyoyikekayo. Kodwa kubantu abo abonyuliweyo, abo abaphumayo ngokweLizwi

likaThixo (“Ndiya kubakhupha”), wayengumprofeti kubo. Wayeyindlela kaThixo ebonelelweyo. Kwaye yena kananjalo . . . Qaphela, bamkholwa baza basinda kungwebo waloo mhla. Bamkholwa uMoses.

¹³¹ Kwaye Wathi kananjalo Uyabakhathalela ukubakhupha, kwaye Wabakhathalela eluhambeni emveni kokuba bephumile. Amen. Njengoko oko kwakusenyameni, oku kukwindawo zomoya. Wayenenkathalo! Ngokuba? Wababonelela ngayo yonke into ababeyiswele ngelithuba babeseluhambeni. Ingaba Wakwenza? Wabaphilisa xana babegula. Wabonelela ngempiliso, Wabonelela ngendlela ngenxa yokugula kwabo. Wabonelela nge—ngenyoka yobhedu, ukuba baze bakhangele phezu kwaloo nyoka yobhedu, umfuziselo wesono, kwaye baphiliswe. Wabondla ngelithuba babesendleleni, apho kwakungekho sonka Wanisa isonka siphuma eZulwini. Wabondla. Hayi kuphela oko, kodwa Wabembesa, ebonisa ukuba Ubakhathalele abo bakhathalayo.

¹³² Ukuba bakulungele ukuvuma kwaye baguquke baze bakholwe kwaye bamkele, uThixo uyakhathala! Kodwa kumele ukuba ukhathale kuqala, umelwe kukwamkela oko Akuthumelele kona. Wayebakhathalele kangangoko ukuba baqiniseke ukuba akusayi kubakho mpazamo, Wangqinela umprofeti Wakhe ngomqondiso weNtsika yoMlilo, ukwenza abantu babone ukuba yayingeyiyo nje le ndoda ihamba apha, ukuba yayinguThixo kanye phezu kwakhe, WayenguLowo owayekhokela indlela. UThixo ubakhathalele abantu abakhathalayo. UThixo ubakhathalele abo baMkhathalayo. Ke Wayingqinela le ndoda kwaye wangqina ukuba wayengumkhonzi kaThixo, ngokubathumelela iNtsika yoMlilo ukubakhokela kwelo lizwe. Kwaye babesazi okoko nje lo mqondiso walo Mlilo, iNtsika yeLifu noMlilo yayibalandela . . . Wathi Aka “yisusanga iNtsika yoMlilo neLifu.” Wayekunye nabo iminyaka ngeminyaka entlango, amashumi amane eminyaka. Ingaba oko kunjalo? Laa Ntsika yoMlilo yabakhokela! Sikunyaka wethu wamashumi amathathu anesithathu, ukuphila iminyaka esixhenxe ngaphezulu kuyakuba kungumfuziselo ofanayo. Kulungile, iNtsika yoMlilo yabakhokela. Wabakhathalela. Kwaye Wabakhathalela kakhulu wade Wabazisa nje ukuba—ukuba yayingeyonto ithile yenzululwazi, yayingeyo mpazamo ethile, kodwa Wawungqinela uMyalezo, waWungqinela.

¹³³ Wamkhathalela kakhulu nkqu nomfazi wayengowangaphandle, engenguye umSirayeli. Wayengengoweqela, kodwa wayengowangaphandle, umRhabe, umWisile, okanye enye into, waye ekwelinye icala. Kodwa xana wevayo! Igama lakhe lalinguRahabhi, wayephila . . . waye lihenyukazi. Kodwa xana weva ukuba uThixo wayekwiNtsika yoMlilo kwaye wayebakhokela, wathi makhe . . . wabiza

kuThixo, kwaye wabonisa inceba kwintlole ezo ezazize kulihlola ilizwe. Kwaye ngenxa yokuba wayemkhathalele yena nabantu bakowabo, uThixo wamkhathalela. Kangangokuba lade eli henyukazi ngoko labunikela ubomi balo kuKristu, kwiMbangi, ngokuba wayebone umqondiso kaThixo oNgaphezu kwendalo, kwaye wayekhonzisa izithixo zakhe kanye kwihlelo lakhe. Kodwa xana wabona lo mqondiso omkhulu waNgaphezu kwendalo, wakhala wacela inceba, kunye nenceba ngenxa yosapho lwakhe, kwaye uThixo wakhathala kakhulu ngenxa yakhe ngokuba isixeko sonke sawa phantsi, enye phezu kwenye, kodwa kwakungekho nalinye ilitye elashukumayo endlwini yakhe. Uyakhathala! Nangona yena wayengumntu wangaphandle, wayengekho kwiqela ngeloo xesha, kodwa Wakhathala. Usoloko Ekhathala.

Wamkhathalela u-Elia xana yena, kwaye yena yedwa, wamkhathalela uThixo.

¹³⁴ Haleluya! Kulapho iza khona. “Waphoseni phezu Kwakhe amaxhala enu, kuba yena Uyanikhathalela.” UPetros, ethetha kumadoda amakhulu onyuliweyo, amadoda amakhulu kunye nabo basebandleni, wathi, “Wabekeni kuYe amaxhala enu, ngokuba Uyanikhathalela. Bekani yonke into phaya, ngokuba nihlambulukile phambi koThixo. Ni—nihamba njengabakhonzi bakaThixo.”

¹³⁵ UThixo wamkhathalela u-Elia ngokuba u-Elia wayemkhathalele uThixo. Bonke abanye abashumayeli babelahlekelwe ngumbono waloo mhla, babelahlekelwe yintando kaThixo nothando lweLizwi Lakhe, kwaye yonke into yahamba ngokwaloo mihla. Kodwa akukhathaliseki nokuba uJezebhele waloo mihla wayenabo, inekazi lokuqala lelizwe, kungakhathaliseki nokuba kukangakanani na abanye abashumayeli bebavumela abafazi ukwenza nokwenza. U-Elia wakhwaza nxamnye nayo, eGameni leNkosi. Wayekukhathalele oko uThixo wakuthethayo, kwaye noThixo wayikhathalela loo nto u-Elia awayithethayo ngoko, kuba wathetha iLizwi leNkosi. UThixo uyakhathala xana ukhathala, kodwa kumele ukuba ukhathale kuqala. Ehe.

¹³⁶ Qaphela, Wakhathala xana Wabiza u-Elia, ngeLizwi Lakhe, emsusa phakathi kwamahlelo. Kwakukhangeleka ngokungathi wayeyakufa yindlala, kuba kwakungayi kubakho sishumi namnikelo ozayo kuye. Kodwa Wamkhathalela kakhulu u-Elia, Akazange amvumele ukuba alambe ngexesha awayelithobela iLizwi likaThixo. Wayalela amahlungulu ukuba amondle. Wamkhathalela u-Elia ngokuba u-Elia waMkhathalela, kwaye Yena uliLizwi.

¹³⁷ Wamkhathalela uDanilyeli xana uDanilyeli walikhathalela iLizwi likaThixo ngokwaneleyo ukuze athandaze ngokunyanisekileyo. Kungakhathaliseki ukuba utheni na

ukumkani, “Andisafuni kwakhona oko kuphindwe kwenziwe,” u-Eliya nje wavula izivalo kwaye wakhangela wabhekisa eYerusalem waza wathandaza. U-Eliya wayemkhathalele uThixo, kwaye—kwaye uThixo wayemkhathalele u-Eliya. UDaniyeli wayelikhathalele iLizwi likaThixo, kwaye uThixo wamkhathalela u-Eliya. Wathumela iNtsika yoMlilo leyo eyothusa loo ngonyama yasuka kuye kwaye wahlala ezantsi phaya ebudeni bobusuku bonke. UThixo wayekhathala ngokuba uDaniyeli wayekhathala. Ewe, mhlekazi. Wathandaza ngokunyanisekileyo, esazi ukuba oko kuya kuthetha ukuphoswa emhadini wengonyama ukuba akathobeli imimiselo yamahlelo. Kodwa waguqa phantsi ngasefestileni, engayoyiki loo nto ithethwe ngumntu. Wazivula iifestile ngokuba oko yayi ngumyalelo kaThixo, kwaye wathandaza ngokunyanisekileyo nangokunyaniseka kuThixo wakhe yonke imihla. Wayemkhathalela uThixo kunye nomyalelo Wakhe, kwaye uThixo wajika wamkhathalela uDaniyeli kunye nomyalelo wakhe, ukuma kwakhe. UDaniyeli wayemkhathalela uThixo neLizwi Lakhe, kwaye uThixo wamkhathalela uDaniyeli nokuma kwakhe kwiLizwi. Uya kukwenza oko ngalo lonke ixesha. Amen.

¹³⁸ Wayebakhathalele abantwana bamaHebhere xana babelihlonela ngokunyanisekileyo kwaye belukhathalele ukholo olo olwathi lwanikezelwa kwaba kanye kubo, iLizwi likaThixo. Wabakhathalela kakhulu de xana bavuthela ixilongo. . . Babenomyalelo ovela kuThixo, “Musani ukuqubuda phambi kwakhe nawuphi na uthixo ongumhedeni, nayiphi na imifanekiso eqingqiweyo. Musani ukuqubuda kwaye musani ukubanqula.” Lowo yayingumyalelo. Kwaye xana bevakalisa ixilongo kwaye bathi “siya kubaphosa ezikweni lomlilo abo abangakwenziyo,” babekhathala kakhulu bade bawufulathela umfanekiso oqingqiweyo. Kunjalo oko. UThixo wabakhathalela kakhulu, ukuba xana ubushushu bafikayo, Wathumela iNdoda yesine ezantsi phaya ezikweni lomlilo kwaye yabagcina bepholile. Wayekhathala ngokuba babekhathala.

¹³⁹ Ukuba ufuna ukubambelela kwimvumo nkolo ethile, uThixo akakhathali nokuba wenza ntoni na. Ukuba ufuna ukwenza oko, Akanakuze akukhathalele, kuba wenza loo nto eyathethwa ngumntu. Kodwa ukuba uyakubambelela kwiLizwi likaThixo, uvumo lwakho oluyinyani olunyanisekileyo kwaye ukholwe ukuba uThixo unguMphilisi, okwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade, Uyakukhathalela.

¹⁴⁰ Wakhathala ngoko, Wabakhathalela abantwana bamaHebhere, kwaye Wabathumelela iNdoda yesine ukubahlanguka, eyayinguKristu. Siyakwazi oko.

¹⁴¹ Xana umntu oneqhenqa wakhwaza, “Nkosi!” Kwaphuma abantu abalishumi abaneqhenqa baza bakhwaza ngokunyanisekileyo, “Nkosi, yiba nenceba kuthi.”

Babenokwaneleyo ukukhathalela iimfuno zabo, Wayenamandla wokubakhathalela. Wayemkhathalele oneqhenqa ngokuba oneqhenqa wayekukhathalele ukwenza uvumo lwabo, baMbiza “Nkosi!”

¹⁴² Wayenenkathalo, xana umthetheli khulu ekhathala ngokwaneleyo malunga naye ukuba athumele ngenxa yoncedo ukusuka kuYesu. Xana umthetheli khulu epro- . . . wabonakalisa ngokholo lwakhe, wazigxeka izithixo zakhe zaseRoma, waza wakhathala ngokwaneleyo (ngobungqina basesidlangalaleni) ukuthumela ukuba Eze kuphilisa unyana wakhe, uYesu wakhathala ngokwaneleyo ukuba aye kumphilisa. Uyakhathala xana ukhathala. Kumele ukuba ukhathale kuqala, nangona. Ekhathala.

¹⁴³ Wakhathala xana uYayiro wayemkhathalele ngokwaneleyo uYesu. Wayelikholwa lasemfihlekweni. Wayekholwa ukuba Wayenyansile, kodwa ngenxa yokuma kwakhe kobuhlelo wayengenakuphuma aze akuvume oko, kodwa xana intombi yakhe encinane yafumana isigulo yaze yafa, uYayiro wayesazi, ekhangele ekufeni kwentombi yakhe, okanye ukuze avakalise ukukhathala kwakhe, waye wakhathala ngokwaneleyo ukuba abagxeke abangakholwayo abo ababemngqongile, waze wanxiba umnqwazi wakhe omncinane wolungiselelo, kwaye wahamba waza wamfumana uYesu. Xana uYayiro wabonisa ukuba uyakhathala, uYesu wabonisa ukuba Uyakhathala ngokwaneleyo ngokuba eze kwaye amvuse ukuphuma kwelabafileyo. Waphoseni kuYe amaxhala enu, kuba Yena uyakhathala! Akukhathaliseki nokuba yintoni na, Uyakhathala!

¹⁴⁴ Wakhathala ngokwaneleyo xana kwakungekho nkqu nomyalelo ngoko, kwakungekho kwanto eyayithetha njalo, Wayengazange alwenze ukhankanyo ngayo, kodwa Wakhathala ngokuba umfazi omncinane wayengenakungena emgceeni wokuthandazela, kwaye wathi, “Ukuba ndingachukumisa umqokumbelo wengubo Yakhe, ndiyaMkholwa.” Walukhathalela ukholo lwakhe kuloo nto, kangangokuba Wajika waza wambiza ekuhleni kwisihlwele, waza wamxelela ukuba ukholo lwakhe lwalumphilisile. Wakhathala ngokuba umfazi wayenenkathalo.

¹⁴⁵ Wakhathala xana iphakuphaku elalibizwa ngokuba nguMkhosi lakhathala ngokwaneleyo, phantsi kwenkcaso, ukuba ashukume aphume phantsi kwaloo matye engcwaba eedemoni aze aphume ukuba aye kuhlanguana noYesu, aze aziphose equbuda. Xana, uMkhosi! Ezo demoni ngezingazange ziphume ukuba uMkhosi wayengazange atyhale indlela yakhe phaya ukuya kuhlanguana naYe. Kwaye xana wakhathala ngokwaneleyo ukwenza loo mzamo, lowo wawumi kwinkolelo yakhe, UYesu wakhathala ngokwaneleyo ukuba akhuphe lo mkhosi weedemoni kuye, kwaye imeko yakhe yokuphakuzela

yayihambile. Uyakhathala xana ukhathala. Ewe, mhlekazi. Uyakhathala xana ukhathala.

¹⁴⁶ Ngoku, xana indoda eyimfama yakhwazayo esangweni laseYeriko, “Owu Yesu!” Ukubeni engumYuda, woQobo, emi kakuhle kwindlu yesikhungu. Kodwa xana wathi, “Yeyantoni loo ngxolo edlulayo?”

Bathi, “UYesu waseNazaretha uyadlula, Umprofeti.”

¹⁴⁷ Wathi, “Yesu, Wena Nyana kaDavide!” Owu, yayikokunjani ukukhalimela oko kumalusi wakhe kunye nababingeleli abo ababemi apho. Kodwa wayengakhathali ukuba yintoni umalusi, umbingeleli, okanye nantoni na eyenye eyakuyithetha, wayenomdla! Kwaye wakhathala ngokwaneleyo ukuba afumane ukubona kwakhe, ke wakhwaza! Kwaye xana loo ndoda iyimfama yayisele ilungele, yaze yakhathala ngokwaneleyo ukuba ikhwaze, uYesu wakhathala ngokwaneleyo ukuba ayiphilise. Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade! Uyakhathala xana ukhathala, kodwa kumele ukuba ukhathale kuqala. Kumele ukuba ubonakalise ukuba uyakhathala.

¹⁴⁸ Wakhathala kakhulu kwada xana umfazi, wayephila namadoda amathandathu, wabanokumqaphela kwaye wawazi nokuwuqaphela umqondiso Wakhe wobuMesiya wokucalula, Wakhathala ngokwaneleyo wada Wasixolela sonke isono waza wamnika amanzi lawo awayengazange aye phaya ukuba awakhe, ngokuba waqaphela. Wathi, “Mhlekezazi, ndiyabona ukuba Wena ungumprofeti,” xana Wamxelelayo ukuba yayiyintoni engalunganga ngaye. Kwaye bona, wayekhangele kuloo mhla ukuba ufike, kuphela wayenamaqela ebandla, wayengenalo ithuba lokukwenza oko. Kodwa xana wabona iNdoda Eyayinokumxelela ukuba yayiyintoni engalunganga ngaye, wathi, “Mhlekezazi, ndiyabona ukuba Wena ungumProfeti. Ndiyazi xana uMesiya efika Uyakuzeza ezi zinto.”

Wathi, “NdinguYe.”

¹⁴⁹ Oko kwanele! Wakhathala. Wawushiya umphanda wakhe wamanzi, waza wayongena esixekweni, kwaye wathi, “Yizani nibone uMntu Ondixelele izinto endakha ndazenza. Ingaba asinguye na lo uMesiya?” Wayeyinto ethile efana noRahabhi, wakhathala de wasothusa isixeko siphela. Wakhathala ngokuba into ethile yayenziwe, iSibhalo esingqinelweyo sasiziswe ekwenzekeni kwaye senziwa saqiniseka ngokuqinisekileyo, kwaye wakhathala! Wayengakhathali ukuba yintoni abantu abayithethayo okanye umntu othile ayithethayo; wakubona Oko, wayephaya xana oko kwenzekayo. Wakhathala. Wabakhathalela abantu bakowabo wada wabaxelela bonke ngabanye, kwaye oko kwabangela ukuba isixeko sonke sikholwe kuYesu Kristu. Wakhathala, kwaye Wakhathala. Ngokuqinisekileyo, Wakwenza oko.

¹⁵⁰ UYesu wakhathala ngokwaneleyo ngoMyalezo wanamhlanje ukuba azise ezi zinto zinye ukuba zenzeke njengoko Watshoyo, wada Wafa wabuya wavuka kwakhona ukuba azithumele ngoMoya oyiNgcwele, uMthuthuzeli, ukubonisa ulungiselelo Lwakhe namhlanje ukuba Usaphila. Wakhathala ngokwaneleyo. Ingaba asiyi kukhathala na? Leyo yeyona nto, ingaba asiyi kukhathala na? Wafela olu lungiselelo. Wafa ukuze uMoya oyiNgcwele ube lapha kulo mhla ukubonisa ezi zinto. Uyakhathalela. Uyakhathala ukuba Awuzise apha. Uyakhathala ukuba enze ingxelo. Uyakhathala ngokuba Enithanda. Ukhathala ngokwaneleyo ukuba akwenze oko, ukuthumela uMoya oyiNgcwele koku, enze olu lungiselelo namhlanje.

¹⁵¹ Nantso indlela Awangqina ngayo ukuba Uyakhathala ngaloo mhla, ngokuba Weza ukuqinisekisa oko uThixo awathi Uyakuba kuko. Naso isizathu sokuba umfazi aMqaphela. Wathi, “Ndiyazi xana uMesiya efika, UngumProfeti. Xana uMesiya esiza, Uyakusixelela ezi zinto.” Yabona, Wakhathala ngokwaneleyo ngeLizwi likaThixo ukuba Lingqinelwe kuye. Amen.

¹⁵² Ngoku Wathumela uMoya oyiNgcwele, ukuba ngalo mhla woqulunqo lwengqondo, ukuze Abenako kwangaye uMoya oyiNgcwele omnye angqine ngathi ukuba UsenguMesiya, akungqine oko ngendlela efanayo. Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Ngoku umbuzo ngulo, ingaba uyakhathala na? Ucinga ntoni malunga nako? Ulapha. Kungqiniwe ngokuphindaphindiweyo. Ingaba uyakhathala ngokwaneleyo ukuba ukukholwe oko? Ingaba uyakhathala ngokwaneleyo ukuba uvume izono zakho, ukuba awulunganga? Uvume ukungakholwa kwakho kwaye ukwamkele. Ingaba uyakhathala ngokwaneleyo ukuba ukwamkele oko? Wakhathala ngokwaneleyo ukuba afe aze abuye avuke kwakhona, ukuba akuzise oko kuwe. Ingaba uyakhathala ngokwaneleyo ukuba ukwamkele oko. Ndinga ukuba kungqiniwe kuko konke, ukususela kwixesha likaNowa, indlela yonke emva ukusuka kwiGenesis indlela yonke. Asinaxesha lokufikelela kuko konke. Kodwa uyabona ukuba Uyakhathala, kwaye Wafa ukuze ube nokukhathala, ukuze ube nendlela. Kwaye Wayizisa loo ndlela. Watsho ngokuchanekileyo oko loo ndlela iyakuyenza, iyakuyenza, kwaye ngoku Ulapha namhlanje ebonisa ukuba iyiNyaniso. Ngoku, kule yure ingendawo leyo esiphila kuyo, ingaba uyakhathala ngokwaneleyo malunga nayo nawe, ngentliziyo yakho yonke, kukholwe oko?

¹⁵³ Nokuba ungena kumgca wokuthandazela okanye nokuba yintoni na, oko asikuko, ingaba uyakhathala? Waphoseni phezu Kwakhe amaxhala enu, Yena uyanikhathalela. Nyaniseka malunga nako oko. Khathala ngokwaneleyo ukuze unyaniseke, kuba Ukungqinile ngeLizwi Lakhe elingqinelweyo ukuba Uyakhathala. Wathembisa ukuba uyakuWathumela, Ukwenzile

oko! Wakuthembisa eLizwini, naku Oko ke! Uyakhathala, ngoku kuthini malunga nawe? Kuku, ufanele ukuba ukhathale, ngokulandelayo.

¹⁵⁴ Wakhathala ngokwaneleyo, Wakhathala ngokwaneleyo ukuba akoyisele lonke utshaba, okokuba kuphela into ekufuneka ukuba uyenze kukunyaniseka kwaye ukukholwe oko. Woyisa ukufa. Ukufa akuseyonto yokuba ndiyoyise; sele koyisiwe. Ukugula asikokwam ukuba ndikoyise; asikokuka Kristu ukuba akoyise; sele koyisiwe. Kufuneka ndikhathale nje ngokwaneleyo ukuba ndikukholwe oko. Ingaba uyoyika loo nto umntu othile akuxelele yona? Ingaba woyika ukuxilongwa ngugqirha? Ingaba uyoyika ukuba ibandla liya kuthini kuwe? Ingaba uyoyika ukuma phaya, inzwane kwinzwane kumtyholi? Uthi, “Ndivume izono zam, ndibeke ecaleni yonke into. Ndilikholwe lonke iLizwi. Ndilapha, Nkosi. Dala kum inkathalo. Ndi...Uyakhathala ngenxa yam, ndiyakhathala ngenxa Yakho.”

¹⁵⁵ Ndinga ngelaa culo lakudala elimnandi, “Uyakukhathalela. Ngokukhanya kwelanga okanye amathunzi, Uyakukhathalela.”

Makhe sithobiseni iintloko zethu ngoku, asinako nje ukuya phambili kwakhona.

Uyakukhathalela,
Uyakukhathalela;
Ngokukhanya kwelanga okanye ithunzi,
Uyakukhathalela.

Makhe siyiculele Yena, ngeentloko zethu zithotywe, nentliziyo yethu.

Uyakukhathale... .

Makhe sikhangele konke Akwenzileyo.

Uyakukhathalela,
Ngokukhanya kwelanga okanye ithunzi,
Uyakukhathalela.

Uyakhathala... .

Ngoku, ukuba uyakhathala, phakamisa isandla sakho ngeli thuba ucula oko.

Uyakukhathalela;
Ngokukhanya kwelanga okanye ithunzi,
Uyakukhathalela.

¹⁵⁶ Bawo oseZulwini, ngeli xesha lamva ekupheleni kwemini, senza uvumo olusuka emazantsi entliziyo yethu, ukuba siyazi ngeLizwi ngoku ukuba Ubusoloko ubakhathalele AbangaBakho. Kodwa inkathazo, Nkosi, ingaba thina siyakhathala na? Ingaba sifuna nje ukufumana imfundo,

sithi, “Ke, ndinesidanga sobugqirha, okanye—okanye iLL.D.”? Oko *kukwazi* uMmiselo, oko ayikokuLithabatha.

¹⁵⁷ Thixo, ndiyathandaza namhlanje ukuba umntu ngamnye kuthi athabathe iintlungu zikaKristu sizifake entliziyweni yethu, sithabathele phezu kwethu ukubandezeleka Kwakhe, ukuqaphela ukuba simelwe kukuva ubunzima kananjalo bongcikivo lweGama Lakhe, ukuba simelwe kukuva ubunzima. Kwaye sanga singafana nabafundi bamandulo, sibuye, sivuya ukuba siyesabalelwa enyhwebeni ukuthwala ungcikivo lweGama Lakhe. Siphe oko, Bawo.

¹⁵⁸ Ndizakuthandazela abagulayo, Nkosi, ndibeka izandla phezu kwabo. Baphakamise izandla zabo, abaninzi babo, kwaye abaninzi bazakuthandazelwa, kwaye bapethe amakhadi omthandazo. Kwaye abanye balapha abangakhange bangene kwangexesha ukuze bafumane amakhadi omthandazo, kodwa bayaku—bayaku—bayakukholwa, Nkosi. Bangabeka phezulu izandla zabo, kukhangeleka ngokungathi, kum, ibandla liphela. Abaninzi babo bayagula. Apha nazi ezi tshifu zibekwe apha, ndisiva uBukho Bakho obuNgewele ngeLizwi elithanjisiweyo, baphilise, Nkosi. Vumela ukuba isicelo sabo siphendulwe.

¹⁵⁹ Kwaye ngoku ukusuka kwiitshifu, ukuya kwisihlwele, kubantu abahleli phandle phaya abo beva ubunzima. Owu, uBukho beNkosi, makhe Bufike, Bawo, kwaye ubaphilise bonke. Ingaba Uyakwenza njalo, ngale ntsasa ngobabalo oluNgewele, xana sivumayo, Nkosi...? Mna mkhonzi Wakho, ndivuma ukungakwazi. Andinanto nkqu nenye, Nkosi, leyo endinokuyizisa kuWe njengemfanelo. Asifanelekanga. Namnye kuthi onako ukuyenza loo nto, Nkosi. Asizifanelanga izinto ezo esiya kuzicela. Kodwa, Nkosi, siyazi ukuba uYesu wemka, wenyuka ukuya eBuqaqawulini, kwaye phaya esilungiselela indawo yokuba eze kwaye asamkelele kuYe. Kwaye Wasixelela ukuba Uyakusithumelela uMthuthuzeli, lowo oyakuba nguMoya oyiNgewele, kwaye Uyakwenza umsebenzi Wakhe kwaye uyakuhlala nathi ngonaphakade.

¹⁶⁰ Owu Moya oyiNgewele, Moya kaThixo, yiza ngokutsha ngale ntsasa phezu kwethu, kwaye ungqinele uBukho Bakho, Nkosi, kwangalaa ndlela Wenza ngayo xana Wawuhamba apha emhlabeni, ukuze esi sihlwele sazi ukuba Ulapha kule mihla yokugqibela ukuza kungqinela iLizwi Lakho, nokungqina ukuba “njengokuba kwakunjalo ngemihla kaLote, ke kuyakuba njalo ekufikeni koNyana womntu.” Nkosi, kungenxa yentlonelo nozuko Lwakhosi sikucela oku, njengokuba sizinikela kuWe ngokuvuma kwethu. Sicoce ngeGazi Lakho, Nkosi. Sihlambe ngamanzi eLizwi, uze usihlambulule eGazini. Kwaye usibonakalise, Nkosi, njenge “mizekelo,” njengoko uPetros watshoyo kwitekisi efundiweyo ngale ntsasa, kwihlabathi elingakholwayo. Kuba sikucela eGameni likaYesu Kristu. Amen.

¹⁶¹ Ndizakucela udade ngoku nge... kunye nepiyano, okomzuzwana nje. Sisenokuba semva kwexesha kancinci namhlanje, kodwa, owu, andikwazi ukuba ndize rhoqo. Nje yibani nomonde kunye nathi, nje, ingaba wonke umntu angahlala nje imizuzu embalwa ngoku, siyakuthandazela wonke umntu. UBilly, uBilly Paul, uphi u—ulapha? Uyewawanika phi, ukhuphe amakhadi omthandazo? Ebesithini na? UB, isinye ukuya kwikhulu. Makhe sithabathe nje abambalwa kooB kwaye sibone ukuba Uyakusinika ukucalula na. Injani lonto? Sibone ukuba Ukho apha kunye nathi. Mceleni nje, niyakholwa ukuba Uyakuyenza loo nto? Ndishumayeke kwaye bendi—bendithanjisiwe, kodwa ngoku ndigqibile ukushumayela ndesuka koko, uyabona.

¹⁶² Kwaye makhe sivumele abantu ukuba baphakame. Ke, siya kubathandazela bonke, nakanjani na, nje siqale ukusuka kwini lokuqala. Ngubani onoB, inani lokuqala? Phakama, ngubani onekhadi lomthandazo. Hayi, ndiyakubazisa nje kanye apha, baphume ngale paseji kwaye behle. Makhe uB, inani lokuqala, ngubani onalo, ikhadi lomthandazo inani lokuqala? Uthetha ukuba alikho kwisakhiwo? Kulungile, siya kuqalisa... Owu, uxolo, nenekazi. Kulungile, kulungile. UB, inani lesibini, ngoko ukuba sele siqalisile ukusuka kwelokuqala. Makhe uB, inani lesibini. Ngubani onalo, ungaphakamisa isandla sakho ngolo hlobo ukuze sisibone? Yiza apha, nenekazi, kanye apha. Elesithathu, ngubani onesithathu? Ngoku makhe sifumane umgca wethu wehle eludongeni, siyahambela, okanye emva ngalaa ndlela ndaweni ithile. Ke, kulungile, ikhadi lomthandazo inani lesithathu, ngubani oyakuza? Ingaba eli linenekazi eliza apha? Andisibonanga isandla sakho, ndixolele, dade. Inani lesine, ngubani onekhadi lomthandazo inani lesine? Ungasiphakamisa isandla sakho ukuze ndibone ukuba ungubani na? Indoda emva phaya, umzalwana ontsundu, ungeza kanye apha, mhlekazi, inani lesine. Inani lesihlanu, ngubani one nani lesihlanu? Inene emva phaya, ungeza apha ukuba u—ukuba unganako? Inani lesithandathu, ngubani onekhadi lomthandazo lesithandathu, ungaphakamisa isandla sakho? Ngapha, kulungile, isithandathu, mhlekazi. Isixhengxe. Ngoku, oku kuyakwenza ukuba nje ningaxinani ngaphakathi. Isixhenxe, kulungile, yiza kanye ezantsi apha, isixhenxe. Ngoku inani lesibhozo, njengokuba nisi... Ingaba ungeza, mhlekazi? Inani lesithoba. Kulungile, mhlekazi. Inani leshumi. Kulungile, nkwenkwe encinane.

¹⁶³ Ngelithuba sikucinga oko, eyona nto imnandi, xana ndingena phaya, inkwenkwe encinane nje—nje iphantse indibulala ukucinga malunga nayo, inkwenkwe encinane imi phaya kwithuba elidlulileyo, yathi, “Mzalwana uBranham, ungandenzela into ethile?” Nje malunga nobudala bale nkwenkwe.

Ndathi, “Yintoni leyo, nyana?”

164 Yathi, “Thandazela umama wam.” Yathi, “Uthabatha nje iGama likaThixo ngelize, kwaye nje unobomi oboyikekayo.”

Ndathi, “Uhlala phi? Apha esixekweni?”

Yathi, “Ewe, mhlekazi.”

165 Wayefuna ukuba umama wakhe abe ngumfazi olungileyo. Kwaye, akumangalisi, u-Isaya wathi “umntwana uya kubakhokela.”

166 Inani leshumi inani, asilonani leshumi? Kulungile, inani leshumi elinanye. Kulungile, inani leshumi elinesibini, inani leshumi elinesibini. Kulungile, inani leshumi elinesithathu, ishumi elinesine. Kulungile, ishumi elinesihlanu. Ishumi elinesihlanu, andizange ndilibone, inani leshumi elinesihlanu. Ishumi elinesthandathu. Kulungile, yiza ujikele ngalaa ndlela, mhlekazi, ukuba unganako, ishumi elinesithandathu. Ishumi elinesixhenxe, ishumi elinesibhozo. Ishumi elinesibhozo, andizange ndilibone. Kulungile, nenekazi, okanye dade, ishumi elinesibhozo. Kulungile, ngoku hamba ngalaa ndlela, nenekazi, ukuba unganako, phuma ngalaa ndlela. Ngoku khangela, njengokuba umgca wokuthandazela, oko kwanele ukuba beme ngaxeshanye.

167 Njengokuba umgca wokuthandazela uqalisa ukuncipha, yabona, ngoko yenza uBilly Paul okanye omnye wabo abalapha eqongeni...UMzalwana uNeville, uMzalwana uNeville, yazisani uMzalwana uNeville emva kwethuba, xana nibabona...Ngoku, xana ubona uMzalwana uNeville ubona umgca wokuthandazela ufika...uya kuhamba ngolo hlobo, kuba ndiyakuthandaza ukuba uMoya oyiNgewele...

168 Ngoku, le ndoda, unalo ikhadi lomthandazo, kwisitulo esinamavili, mhlekazi? U—u—ubenekhadi lakhe lomthandazo. Kulungile, ngoku ningamngenisa kanye kumgca wokuthandazela. Ngoku, ingaba nabani na ongomnye lowo—lowo—lowo ulapha, lowo eningakwazi ukumphakamisa? Mntu othile bancede ukuba bona...xana elabo—elabo ixesha lifika, yabona. Ngoku, ucinga nje, ukuqala apho bendiyeke khona malunga neshumi elinesibhozo okanye amashumi amabini, ndaweni ethile phaya, ngoko niqale amashumi amabini ananye, amashumi amabini anesibini, niyayazi indawo yenu njengokuba ningena.

169 Ngoku ingaba uyakhathala na? Ingaba uyakholwa ukuba Usoloko ekhathala? Ingaba uyakholwa ukuba Uyakhathala ngoku? Ukuba—ukuba Yena—ukuba Yena wakhe wakhathala, Uyakuhlala ekhathala. Niyakukholwa oko? Ngoku ndifuna ukuba wonke umntu abe nentlonipho ngenene, gcina indawo yakho kwaye uthandaze. Ngoku, nina kwisihlwenle, thandazani nani. Ngoku, Wayekhathala njani? Ngenxa yokuba Wayengasenako ukukhathala kwakhona, kwaye kungekho mntu

okanye kungekho mprofeti, akukho nomnye umntu onokuya ngaphaya kwemida yomsebenzi othenjisiweyo kaThixo. Ingaba oko kulungile? Ngoku, andikhathali ngoku, usenokuba ubukhe wadlula kwimigca yokuthandazela izihlandlo ezilikhulu, kodwa nina bemileyo ngoku kunye nani abo bahleliyo, ukuba kukho isono ebomini bakho, ukungakholwa, kuvume kanye ngoku. Musa ukulinga ukuba ungene apha ngaphandle koko. Ukuba u—ungeza ngapha kwaye akukhathaliseki nokuba umntu uthanjisiwe kangakanani na, kwaye uyakuma abeke izandla kuwe, ngokuqinisekileyo uyakuyiphosa i—ikhulu leemayile ngaphandle kokuba uyakukholwa oko. Kufuneka ukukholwe oko. Kuya kufuneka ukuvume oko. Kufuneka wenjenjalo... Yabona, ngoko ukuba wena... Khangela apha, njani kukho i... ndiyathemba ukuba uwufumene umfanekiso. Yabona? Akunakwenzeka kwaphela ukuba uThixo angaligcini iLizwi Lakhe kuwe, ukuba uliginile ilizwi lakho kuThixo. Yabona? Ukuba uyalikholwa ngokwenene, akukho nto inokukwenza ulithandabuze. Ixesha, isithuba, akukho nto ingenye enokukwenza ukuba ulithandabuze. Uyalikholwa na. Ingaba uyalikholwa na?

¹⁷⁰ Ngoku, ngoku ndiya kukhangela ukuhla kulo mgca wokuthandazela. Ngokokwazi kwam, ngaphandle kokuba yile ndoda ilapha kanye, ndiyayazi; kwaye ndiyakwazi oko, ndiyamazi uGene Slaughter ezantsi phaya, ndiyamazi; ngaphandle koko... kwaye andazi ukuba yintoni—yintoni abayimele phaya. Andinalwazi yintoni abaphaya ngenxa yayo. UThixo uyazi. Kwaye ngoku ukuba nonke niyazi ukuba andazi nto malunga nani, phakamisani izandla zenu, nina nimi phaya. Ngoku, bangaphi kwesi sihlwele abaziyo ukuba andazi nto malunga nani, phakamisani izandla zenu. Ngoku bangaphi abasezingqondweni yokuba uYesu Kristu uyazi ngani?

¹⁷¹ Kwaye bangaphi abaya kuthanda ukutsho oku: “Ndiyakholwa ngentliziyo yam yonke ukuba uYesu wandiphilisa xana Wabethelelwayo emnqamlezweni eKhalvari”? Kunjalo oko. Yabona? Ngoku, ukuba sele Ekwenzile oko, ngoko lukholo lwakho ukuba ukwamkele oko. Ngoku, Wakhathala ngokwaneleyo ukuba akwenze oko, uyakhathala ngokwaneleyo ukuba ubekele ecaleni onke amathandabuzo, kwaye ulikholwe? Waphoseni kuYe amaxhala enu, kuba Yena uyakhathala ngenxa yenu.

¹⁷² Ngoku, ukuba uyagula, ukuba ubandezekile, Ndibonile, ke, uyazi, amashumi amawaka aphindwe ngamawaka wezinto ezo ezenziwe nguMoya oyiNgcwele. Kwaye niyakwazi oko; ukuqina kwemisipha, nkqu nokuba ufile.

¹⁷³ Indoda yawa yafa kanye apha eqongeni, kanye apha phambi kwethu, malunga neeveki ezintathu ezidlulileyo. Umfazi wakhe ngumongikazi obhalisiweyo ohleli apha. Kwaye indoda yaya kanye phantsi. Ihleli apha ndaweni ithile. Nanku umfazi

wayo ehleli apha ngoku, kwaye—kwaye nanku elapha phezulu ndaweni ethile ngoku. Ehe, nanku emi kanye apha. Amehlo abuyela umva, yajika yamnyama ngolo hlobo, kunjalo. . . yawa, kwaye ndehla. Wamxilonga, akukho ntliziyo, kungekho kubetha kwantliziyo. Ndabeka izandla zam kuyo (yayihambile) kwaye nje ndabiza umoya wakhe, eGameni likaYesu Kristu, yaze yavuka. Yabona? Yabona?

¹⁷⁴ Ingaba yintoni oko? UluVuko kunye noBomi. Yayingendim. Lowo yayinguMthuthuzeli lowo owayesenza, uMoya oyiNgcwele esenza izibongozo ngenxa yethu. Yabona? SiMamkele, ngoku kukuYe ukwenza izibongozo. Ngoko kukangakanani ndinga. . . Ingaba uThixo angakusindisa nxamnye nentando yakho? Ngokuqinisekileyo akunjalo. Akanakukuphilisa nxamnye nentando yakho. Umelwe ukuba ukukholwe oko.

¹⁷⁵ Ngoku, ingaba yintoni le, ukuba—ukuba Unokubonakalisa, Ukuba uThixo uyakundivumela ngesipho esiNgcwele ndinibonise ukuba uYesu Kristu ulapha kunye nathi, ukuba lo Mthuthuzeli nguYesu Kristu, UliLizwi. “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi.” Ingaba oko kunjalo? “ULizwi wayenguThixo. Kwaye uLizwi wenziwa inyama kwaye wahlala phakathi kwethu.” Kwaye iBhayibhile yathi, kumaHebhere 4, ukuba “Ilizwi likaThixo libukhali ngaphezu kwekrele elintlangothi mbini, uMcaluli weengcingane zentliziyo.” Ingaba kunjalo oko? Kwaye yiloo nto uYesu awayenzayo ukungqina ukuba WayeliLizwi elithanjisiweyo, uMesiya. Owu, bethu! Ingaba awukuboni oko? Yintoni uMesiya? Lowo Uthanjisiweyo. Othanjisiweyo ntoni? ILizwi elithanjisiweyo! “Kwaye uLizwi wenziwa inyama.” Waye lela Lizwi lithanjisiweyo! Uyakubona oko, Mzalwana uVaile? Yabona, Yena uliLizwi elithanjisiweyo!

¹⁷⁶ Kwaye ngoku xana uzibophelele kuYe, ngoko Ukusebenzisa ngaphaya kokuba usazi, ebonakalisa ukuba UseliLizwi elithanjisiweyo, uMcaluli weengcinga zentliziyo. Owu, njani, angathini nabani na ukuthandabuza? Kholwa nje. Musa ukuthandabuza. Kwaye ngoku uhleli phandle phaya, ndi—ndibethe loo mxholo kusasanje. Xana umfazi omncinane wayekhathala ukuba akasayi kungena kumgca wokuthandazela, mhlawumbi, kodwa wachukumisa umqumbelo wengubo Yakha kwaye Wajika. Ingaba niyakukholwa oko? Niyakholwa ukuba oko kusenokwenziwa kwakhona namhlanje? Ehe. Ngoku, ungawuchukumisa njani?

¹⁷⁷ IBhayibhile yathi unguMbingeleli oMkhulu, kanye ngoku unguMbingeleli oMkhulu, ohleli ngakwesokunene sobuNgangamsha bukaThixo, ukwenza izibongozo phezu kovumo lwethu. Siyavuma ukuba siyaMkholwa, kwaye sifuna ukuchukumisa uMbingeleli oMkhulu. Kwaye siyaMchukumisa, Ingaba Uyakwenza njani? Ulapha ekwimo yoMoya oyiNgcwele. Ngoko Uyakuphendula kanye abuye akuxelele nje oko ngokuchanekileyo. Ingaba oko kunjalo? Ngoku nikhholwe

oko kwaye nje nihlale phantsi, nithule, hlalani ngokundiliseka kwaye nikhangele. Ngoku, ukuba Uyakwenza nje oko izihlandlo ezithathu ubuncinane, oko kuyakwanela, akunjalo? Izihlandlo ezithathu, ukuba Uyakuyenza loo nto. Inye, zimbini, zintathu, ukuba Uyakuyenza lonto.

Wenza njani?

¹⁷⁸ Ngoku, okomzuzwana nje ngelithuba nje sisathandaza. Yabona, oku yi, andi...Le yinto ethile leyo eyahlukileyo kancinane kanye ngoku; bendishumayela, kwaye ngoko ndajikela kule. Ngoku, andikhange ndibize kwiNkosi ngenxa yoku ixesha elide, Kodwa iNkosi uThixo iyayazi intliziyo yam, kwaye wanga Anganinika isicelo senu. Kwaye ndiyakukholwa oko, ukuba Uyakuyenza lonto.

¹⁷⁹ Ngoku, apha kumi umfazi, singabasemzini omnye komnye. Ngokokwazi kwam, andizange ndambona ebomini bam. Usenokuba wayehleli kwisihlele esithile ndaweni ithile okanye undazi ngoncwadi oluthile, kodwa uBawo waseZulwini uyazi, ngokokwazi kwam, andizange ndawabeka amehlo kuye ebomini bam. Ungumntu wasemzini.

¹⁸⁰ Ngoku, ukuba Usekwanguye, nantsi indoda nomfazi behlangana apha njengokuba uYesu wahlangana nomfazi equleni, lowo ebendithethe ngaye kwithuba elidlulileyo. Wamkathalela. Ngoku, lo mfazi mhlawumbi akanatyala lento ekwanye umfazi awayeyiyo, kodwa kukho into ethile engalunganga. Kodwa Uyakhathala nje malunga naye njengokuba Wayesenza kulaa mfazi. Yabona, Uyakhathala. Ngoku, kwaye xana ekubona oko, wakuqaphela. Ngoku apha sobabini simi apha ngoluhlobo. Ngoku, andizange ndambona.

¹⁸¹ Ngoku, ukuba uMoya oyiNgcwele omkhulu, oNgabonwayo, ngoku ukuba izimvo zokholo ziyakuMazisa kum. Uzise izimvo zokholo, kwaye iLizwi Lakhe liyisondeze kakhulu kule mihla yokugqibela de Abe nomfanekiso waYo phaya. Uyisondeze kakhulu kwizimvo zethu, ithanjisiwe, uye wemka kwaye waMbona engena apha kwaye ehamba ejikeleza ekobo bume beNtsika yoMlilo. Akazange Yena? Ngoku Ulapha, ndiyazi ukuba Ulapha. Ukhohlo lwam luthi Ulapha. Ngoku ukuba Unokuzenza abonakale ngokwaneleyo apha ukuze abambe ubomi balo mfazi, yabona, njengokuba Wathembisayo ukuba Uyakukwenza oko. UMoya oyiNgcwele uya kwenza umsebenzi ofanayo nalowo Awawenzayo.

¹⁸² Ngoku mna, ekubeni bendishumayela, ndifuna nje ukuthetha nawe umzuzu nje ukuba ndibone.

¹⁸³ Njengokuba Wenzayo kumfazi equleni, Wathi, "Ndizisele isiselo." Uyazi, Waye nje... mhlawumbi Wayehleli phaya ecinga malunga nokumka kwabo ukuya kufumana ukutya, kwaye ngoko Yena—Yena Kwafuneka ukuba athethe kuye umzuzu, uyazi. UBawo wayeMthumele phezulu phaya. Wayenyanzelekile.

Wayesiya eYeriko; kwaye Wenyuka waya kwaSamari, apho kuphezu kwentaba, Wayemelwe “kukuba adlule phaya.”

¹⁸⁴ Ke, ngandlela ithile okanye enye, bendinentswelo, uBawo wandithuma ukuvela e-Arizona, apha, kwaye wangena ngaphakathi. Ke oko konke nje yinto enye. Akukho nto eyenzeka ngokwethuba, yonke into yenzeka ngesizathu esithile. Ubabalo lukaThixo, kulungile.

¹⁸⁵ Ngoku, ndingakwazi, kwaye ukhangeleka usempilweni ngenene, kwaye kusenokwenzeka ukuba ayikuko oko olapha ngenxa yako. Kusenokuba yenye into ethile. Kusenokuba ngumntu othile lowo umthandayo, kusenokuba yinto yasekhaya, yezezimali. Andinandlela yakwazi, uyayazi lonto. Kodwa ukuba Uyakundicacisela ukuba yintoni ozele yona apha, uyakuyazi ukuba yinyaniso okanye hayi. Kwaye isihlwele siyakukholwa ngantliziyo nye ngoku? Ngoku niyasiva, kwaye oku kushicilelwe, kwaye simi nje apha eqongeni.

¹⁸⁶ Inenekazi, ndilibona liphakamisele intloko yalo phezulu ngolu hlobo. Line, linentloko ebuhlungu emkhathazayo, njengentloko ebuhlungu. Yintloko ezingisileyo efika ngalo lonke ixesha. Oko yinyani. Ukuba oko kunjalo, phakamisa isandla sakho. Yabona? Oko kunjalo. Enye into, unengxaki yedlala lengqula, leyo awaxelelwayo ngayo, nakanjani na, leyo—leyo ikukhathazayo, kwaye unyanisile, lidlala lengqula. Kwaye ngoku nje uneengxaki, nje izinto ezininzi ezingalunganga kuwe; ubuphakuphaku, ukucaphuka, ukufumana ukuxakaniseka, “ngamanye amaxesha uyazibuza ukuba ndimi phi na, nokuba ndingaphakathi okanye ngaphandle.” Kwaye oko kunjalo. Oko yinyaniso. Ngoku, Uyakwazi, ubungekhe uzifihle ngoku nokuba unyanzelekile. Yabona? Uyakholwa ukuba Angandixelela ukuba ungubani na, ungubani na? Ke, Viola, ubuyela ekhaya, uYesu Kristu uyakuphilisa.

Ingaba uyakholwa?

¹⁸⁷ Andazi. UYesu Kristu wazi zonke izinto. Ngomnye owasemzini kum. UThixo uyasazi sobabini. Ingaba uyakholwa ukuba ndingumprofeti Wakhe, umkhonzi Wakhe? Ingaba uyakholwa ukuba ezi zinto ezo ndizishumayeke ziphuma kweli Lizwi ziyiNyaniso? Wenjenjalo? Ukuba iNkosi uYesu iyakundixelela ukuba yintoni oyizeleyo apha, uyakholwa ukuba ndingumkhonzi Wakhe. Kwaye Ukwenza oku ngenxa yokuba Ukukhathalele. Yena, Ukukhathala kwakhe kungenxa yakho, Ukwenza oko ngokuba Ukukhathalele. Uyabakhathalela aba abanye abo abangene emgweni. Uyabakhathalela. Ubukhe wabanenkathazo, ingozi, ingozi yenqwelo mafutha. Uphazamiseke wonke malunga nayo. Kunjalo oko. Ufumene inkathazo ngelungu lakho. Kunjalo oko. Liyakulunga, kwaye ukuphakuzela kuya kukuyeka, ke nje qhubeka uye ekhaya, ubulela iNkosi, kwaye usithi, “Mayibongwe iNkosi!”

“Ukuba unokukholwa, zonke izinto zinokwenzeka.” Konke kulungile.

¹⁸⁸ Ingaba uyakholwa? Andikwazi, ungowasemzini kum. Kodwa uThixo uyakwazi. Ingaba uyakholwa ukuba Unako ukundixelela isizathu sokuba ube ulapha, okanye into ethile engenye malunga nawe? Ingaba uyakukholwa oko? [Umfazi uthi, “Ewe”—Mhl.] Kukho omnye umfazi. Ibingenguwe, yabona. Hayi, akunjalo. Nguwe, ulapha ngenxa yomntu othile. Ungowomnye, ngumama wakho. Kunjalo oko. Yena unento engalunganga ngelungu lakhe, naye. Kunjalo oko. Akakho apha. Ukufuphi nendawo ekhangeleka ingathi, ikhangeleka kum njenge-English, malunga, nendawo ethile apha ezantsi. Wena, kunjalo, uyakholwa? Kulungile, qhubeka. Uphilisiwe. Qhubeka nje.

¹⁸⁹ Kwakukho abafazi ababini. Omnye wabo wayemdala kakhulu, ke nda—ndandizibuza ukuba bekuphi apho. Ndakhangela ukubona ukuba bekuphi—bekuphi apho yayikhona. INkosi uThixo yazi zonke izinto, Akanjalo? Kwaye Unako ukuzenza zonke izinto. Ingaba niyakukholwa oko? Amen. Ingaba Akamangalisi na? NdiyaMthanda. Yena, UbuBomi bam. Ukuko konke oko endinako. Ukuko konke oko endikufunayo. Nje qhubeka, Ukwenze waphila, mhlekazi.

¹⁹⁰ Intambiso ibilandela elaa nenekazi. Kukho elinye inenekazi elihleli phaya elo likhathazwa kukuphakuzela, kwaye linesihluma phantsi kwengalo. Ingaba oko kunjalo? Xana ebeka izandla zakhe kuwe ngoko, uve ukuziva okungaqhelekanga ngenene. Ingaba oko bekungenjalo? Kuxana Wakuphilisayo. Uya kuphila. UYesu Kristu. Khangela apho akhoyo. Umfazi lowo owayethandaza, okanye apha, yabona. Ingaba uyewaqaphela xana wayethandaza, bendimthandazela, kwenzeke ntoni? Yabona? Ndabona omnye umfazi, kwaye ndakhangela ngalaa ndlela. Kwakukho ukuziva okumnandi. Kumele bayazana, into ethile, okanye baqhelene omnye nomnye, kuba laa mfazi ubenemvakalelo ngalo mfazi ulapha. Kwaye ngoko lo mfazi uyewehla waze wamchukumisa, kwaye, xana ekwenzile oko, ndakhangela kwaye ndabona into ethile engaphaya, nanko emi kanye phaya. Andizange ndimbone laa mfazi ebomini bam. UThixo oseZulwini uyayazi loo nto. Owu, bethu! Kutheni kumele uthandabuze?

¹⁹¹ Ukuba unokukholwa, Unako nkqu nokususa imikhwa kuwe. Ingaba uyakukholwa oko? Ingaba uyakholwa ukuba Uyakukuphilisa? Qhubeleka, kwaye uya kuyiyeka ngoku kwaye ungaze utshaye omnye. Qhubeleka, kwaye ukholwe ngentliziyo yakho yonke. Yiba nokholo kuThixo. Musa ukuthandabuza.

¹⁹² Ingaba uyakholwa? Ingaba besinabo abathathu okwangoku? Yiba nokholo kuThixo. Musa ukuthandabuza. Nje kholwa. Uyakholwa ukuba intambiso Yakhe ilapha ngoku? Amen. Musa ukuthandabuza. Kholwa!

193 Ndiyakubeka izandla kuni, kwaye nikhholwe. Ingaba niyakukholwa kunye nam? [Umzalwana uthi, “Ewe, mhlekazi.”—Mhl.] EGameni likaYesu Kristu, makhe lo mzalwana aphiliswe. Amen. Yiba nokholo ngoku, musa ukuthandabuza. Umzuzuzwana nje.

194 Kukho into eyenzekileyo emva phandle phaya kwisihlewe kwaye andizange ndiyibone lonto, isemva kanye apha. Ndinga ukuba ifihliwe kum kanye ngoku. Nantsi apho ikhoyo. Ndiyibona kwisithunzi. Yindoda, kwaye ikhathazwa bubuphakuphaku. Inenkwenkwe enesifo sokuxhuzula. Kholwa ngentliziyo yakho yonke, mhlekazi. Ingaba uyakholwa? Yiloo nto. Kulungile, beka isandla sakho kulaa nkwenkwe iphaya kwaye iyakuphila. Amen. Mayibongwe iNkosi.

195 Ingaba uyakholwa? Laa mtyholi ubecinga ukuba angazimela kuloo nto, kodwa wayisilela loo nto. Ingaba uyakholwa? Loo nto isahamba ndaweni ithile. Owu, bethu, ngenxa yobabalo nenkathalo! Kukho omye onesifo sokuxhuzula apha ndaweni ithile. Ehe, nantsi apho ikhoyo kanye apha. Uyakholwa? Yibanokholo. Uyakholwa ukuba uThixo uyakwazi? Ungabuyela e-Ohio, uphiliswe, Mnu. Nelson T. Grant. Elo ligama lakho. Ukuba uyakukholwa, ezo zinto ziyakukuyeka kwaye azisayi kuphinda zikukhathaze kwakhona. Andizange ndayibona indoda ebomini bam, andazi nto malunga nayo.

Awunako ukuyifihla ngoku, uMoya oyiNgcwele ulapha!

196 Makhe sithobiseni nje iintloko zethu kwaye sinike udumo kuThixo. Nkosi Yesu, siyaKubulela. UsenguYe izolo, namhlanje, nangonaphakade. Ubabalo lwakho alukaze lusilele, Nkosi, luyafana ngalo lonke ixesha. Ndiyathandaza ukuba inceba Yakho enkulu nokulunga kuyakuphumla phezu kwabantu. Uyakhathala ngokwaneleyo, Nkosi, ukuba uze kwaye Uzingqinele. UnguThixo. UnguLowo Ongcwele omkhulu, uMoya oyiNgcwele omkhulu. Ngoku yanga aba bantu bangakholwa, Nkosi, njengokuba bedlula apha, kwaye bonke ngabanye baphiliswe. Njengokuba intambiso Yakho ilapha, ndizibeka ngokwam phezu kwezi tshefu. Ndiyathandaza, Nkosi, ukuba Uyakunika ezi zicelo, Bawo. Siphe oko, Nkosi, kokubini apha kwisihlewe.

197 Kwaye wanga wonke umntu okuBukho obuNgcwele angakhathala ngokwaneleyo ngoku ukuba akholwe ukuba Wakhathala ngokwaneleyo ukuvuka ngomhla wokugqibela phakathi kwabantu Bakho, nokungqina! Awunako ukubaphilisa, Nkosi, Awunako ukwenza into osele Uyenzile. Sele ubaphilisile. Kwaye le kukuphela kwento leyo enokwenziwa, ukubenza ukuba bakholwe. Kwaye Uyakhathala ngokwaneleyo, nangona ukungakholwa oko okuninzi kusihenxisa kuko, Usakhathala ngokwaneleyo ukuba Uzibonakalise uphila kwaye uvukile kwabafileyo, phakathi

kwethu. Sanga singaphosa amaxhala ethu kuWe, kwaye wonke umntu kuBukho obuNgcwele aphiliswe, kokubini umphefumlo wabo kunye nomzimba. NgeGama likaYesu Kristu. Amen.

¹⁹⁸ Kulungile, yizani kanye ngale ndlela, vumelani abantu beze kanye ngale. Kulungile, uBilly uya kubabiza, icandelo ngecandelo. Musa, ngoku makhe singaphinde sithethe kwakhona, i—intambiso iphezu kwam, yabona. Ndifuna ukubeka izandla kuye ngelithuba Oku kulapha. Yabona? Andikwazi ukuma koloo calulo. Ukuba ndenza njalo... Bangaphi abalapha ukuba bathandazelwe, phakamisa isandla sakho. Malunga namashumi asixhenxe eepesenti. Yabona? Kanye ngoku yimizuzu elishumi ukuya kwintsimbi yokuqala. Inkonzo yobhaptizo iyeza emva koku. Andinako ukukwenza oko, kodwa ungakukholwa. Ukuba Ukhathala ngokwaneleyo ukuba Azibonakalise, umelwe kukukhathala ngokwaneleyo ukuba ukholwe. Ingaba oko kulungile? Kulungile, makhe sonke isihlwele sithandaze. Kwaye uBilly okanye uMzalwana uNeville, omnye, uyakusebenzisa lena, uyakusebenzisa lo mboko. Makhe sigcine iintloko zethu ziphantsi kwaye sithandaze ngelithuba bedlula emgceni. Ngoku, ndiyakuthandazela wonke ngamnye wenu ngoku, ndibeke izandla phezu kwenu kwaye ndicele ukuba konke ukuhlaselwa eninako, bububi, buyakudlula ukusuka kuni njengokuba nidlula phantsi kwale ndawo ithanjisiweyo kanye ngoku, ukuba kufuneka ndibeke oko ngolo hlobo. Intambiso esemva phaya ifana kanye njengokuba injalo apha. Kodwa ndiyenza ngenxa yokholo lwenu, yitsho oko. Wonke umntu makathandaze ngoku.

¹⁹⁹ EGameni likaYesu Kristu, makhe le nkwenkwe incinane iphiliswe. Amen. Thixo, eGameni likaYesu Kristu, makhe umzalwana wethu aphiliswe. EGameni likaYesu Kristu. Ndithobela umyalelo Wakho, Nkosi. Wathi, “Le miqondiso iya kulandelana namakhohla.” Amakhohla, sobabini. “Ukuba babeka izandla zabo phezu kwabagulayo, bayakuphila.” NgeGama likaYesu, ndenza esi senzo. EGameni likaYesu Kristu, ndibeke izandla phezu kwalo mzalwana. Amen. EGameni likaYesu Kristu, ndibeke izandla phezu komzalwana wethu, ngenxa yempiliso yakhe. Amen.

²⁰⁰ Uyakukhathalela, dade. Ndiyakhathala ukubeka izandla kuwe. Ingaba uyakhathala ngokwaneleyo ukuba ukholwe? Amen. EGameni likaYesu Kristu, makwenzeke oko ukuba udade wethu aphiliswe.

²⁰¹ EGameni likaYesu Kristu, makhe umzalwana wethu aphiliswe. EGameni likaYesu Kristu, makhe umzalwana wethu aphiliswe. EGameni likaYesu Kristu, makhe udade wethu aphiliswe. EGameni likaYesu Kristu, makhe umzalwana wethu aphiliswe. EGameni likaYesu Kristu, makhe umzalwana wethu aphiliswe. EGameni likaYesu Kristu, makhe udade wethu aphiliswe. EGameni likaYesu Kristu, makhe umzalwana wethu

aphiliswe. EGameni likaYesu Kristu, makhe umzalwana wethu
 aphiliswe. EGameni likaYesu Kristu, makhe umzalwana wethu
 aphiliswe. EGameni likaYesu Kristu, makhe udade wethu
 aphiliswe. EGameni likaYesu, philisa lo dade wethu, Nkosi.
 EGameni likaYesu, philisa lo dade wethu. EGameni likaYesu,
 philisa umzalwana wam. EGameni likaYesu Kristu, philisa lo
 dade wethu. EGameni likaYesu Kristu, philisa udade wethu.
 EGameni likaYesu Kristu, philisa udade wethu. EGameni
 leNkosi uYesu Kristu, philisa udade wethu.

Mzalwana, Uyakhathala. Ingaba wenjenjalo? EGameni
 likaYesu, phila!

²⁰² Wonke umntu emthandazweni ngoku, wonke umntu
 makathandaze. Aba ngabantu benu abadlulayo.

²⁰³ EGameni likaYesu, philisa udade wethu. EGameni likaYesu,
 philisa lo mzalwana wam. Amen. EGameni likaYesu Kristu,
 philisa lo mzalwana wam. EGameni likaYesu Kristu, philisa
 udade wethu. EGameni likaYesu Kristu, philisa udade wethu.
 EGameni likaYesu Kristu, philisa udade wethu. EGameni
 likaYesu, philisa udade wethu omncinane. EGameni likaYesu
 Kristu, philisa lo dade wethu. EGameni likaYesu Kristu, philisa
 lo dade wethu, Nkosi. EGameni likaYesu, philisa lo dade wethu.
 EGameni likaYesu Kristu, philisa lo dade wethu, umzalwana
 wam. Philisa lo dade wethu. Philisa lo dade wethu, Nkosi. Philisa
 lo dade wethu, ndiyathandaza eGameni likaYesu. Philisa udade
 wethu, Bawo, eGameni likaYesu. Philisa udade wethu, eGameni
 likaYesu.

²⁰⁴ Dade, Uyakhathala. Ingaba wenjenjalo? NgeGama likaYesu,
 yamkela impiliso yakho. EGameni likaYesu, yamkela impiliso
 yakho, dade. EGameni likaYesu, yamkela impiliso yakho.
 EGameni likaYesu Kristu, yamkela impiliso yakho. EGameni
 likaYesu Kristu, philisa lo dade wethu. Philisa lo dade wethu,
 Bawo, eGameni likaYesu. Philisa lo mzalwana wam, eGameni
 likaYesu. Philisa lo dade, eGameni likaYesu. Philisa udade
 wethu, eGameni likaYesu. Philisa umzalwana wam, Nkosi,
 eGameni likaYesu Kristu. Philisa udade wethu, Bawo, eGameni
 likaYesu. Philisa lo mzalwana wam, eGameni likaYesu. Philisa
 udade wethu, ngeGama likaYesu. Philisa udade wethu, ngeGama
 likaYesu. Philisa inkwenkwe encinane, eGameni likaYesu.
 Philisa uMzalwana uCreech, Nkosi, eGameni likaYesu. Philisa lo
 dade wethu, eGameni likaYesu. Philisa lo dade wethu, eGameni
 likaYesu Kristu. Baphilise, Bawo, bobabini, eGameni likaYesu
 Kristu. Amen.

²⁰⁵ UThixo akusikelele, mzalwana. Ingaba lowo ngumntwana
 wakho? Unkosikazi wakho? Ke, bendingakwazi oko. INkosi
 ikusikelele, mzalwana. Philisa lo mzalwana wam, eGameni
 likaYesu. Philisa lo dade wethu, Bawo, eGameni likaYesu.
 Philisa lo dade wethu, eGameni likaYesu. Philisa lo mzalwana

wam, eGameni likaYesu. Philisa lo dade wethu, eGameni likaYesu Kristu. Philisa lo mzalwana wam, Nkosi, eGameni likaYesu Kristu. Philisa lo dade wethu, eGameni likaYesu Kristu. Philisa lo mzalwana wam, eGameni likaYesu. Baphilise, Bawo, eGameni likaYesu.

²⁰⁶ Ndinikela umthandazo wam onyanisekileyo, ngamnye. Niyakhathala ngoku. UYesu uyakhathala. UYesu uthumele uMyalezo. UYesu uthumele uMoya Wakhe. UYesu uthumele iLizwi Lakhe. UYesu uthumele umkhonzi Wakhe. Sonke siyakhathala. Ngoku ingaba nenjenjalo? Ukuba uyakhathala, kukholwe oko, kwamkele ngokunyaniseka, kuyakwenziwa.

EGameni likaYesu, philisa umzalwana wam.

EGameni likaYesu, philisa lo, dade wethu.

EGameni likaYesu, philisa udade wethu.

EGameni likaYesu, philisa umzalwana wam.

²⁰⁷ Thixo, eGameni likaYesu Kristu, philisa lo, dade wethu. Siphe oko, Bawo.

EGameni likaYesu Kristu, philisa udade wethu.

EGameni likaYesu, philisa lo, dade wethu.

EGameni likaYesu Kristu, philisa udade wethu.

Nkosi, eGameni likaYesu, philisa lo, mzalwana wam.

²⁰⁸ Owu Thixo weZulu, yiba nenceba yokuphilisa; siphe oko, Nkosi. Yanga inyama namandla angeza eGameni likaYesu Kristu.

Thixo, eGameni likaYesu Kristu, philisa lo, mzalwana wam.

Thixo, udade wethu olapha esitulweni, ndiyathandaza ukuba Umphilise kwaye umenze aphile, Nkosi, eGameni likaYesu.

²⁰⁹ Thixo, philisa udade wethu apha, ngesenzo sakhe esihle sothando, nceda lo mfazi, eGameni likaYesu.

Thixo, eGameni likaYesu Kristu, philisa lo, dade wethu.

Thixo, philisa umzalwana wam, ndiyathandaza, eGameni likaYesu Kristu.

Thixo, eGameni likaYesu Kristu, philisa eli xhegokazi.

EGameni likaYesu Kristu philisa lo mfazi.

NgeGama likaYesu philisa . . . ? . . .

EGameni likaYesu Kristu, philisa lo, dade wethu.

NgeGama likaYesu, philisa . . . ? . . . Nkosi.

EGameni likaYesu, philisa umzalwana wam.

EGameni likaYesu, philisa lo, Nkosi.

EGameni likaYesu Kristu, philisa umzalwana wam, Nkosi.

EGameni likaYesu Kristu, philisa lo, dade wethu.

EGameni likaYesu Kristu, philisa . . . ? . . .

Philisa umzalwana wam eGameni likaYesu Kristu.

Philisa umzalwana e . . . ? . . . [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

²¹⁰ Yizani ngako konke ukunyaniseka, musani ukuthandabuza kwanto, kholwani nje. Wonke umntu uyathandaza ngoku. Aba ngabantu bethu abadlula apha, abantwana bakaThixo. Kholwani.

Philisa udade wethu omncinane, Bawo, eGameni likaYesu.

²¹¹ Philisa umhlobo wam oxabisekileyo, Nkosi. Thixo, uyewalinda ixesha elide; yanga le ingaba yilaa yure kanye. Amen.

EGameni likaYesu, philisa lo, dade wethu.

EGameni likaYesu . . . ? . . .

EGameni likaYesu, mphilise, Bawo.

KuYesu . . . ? . . .

EGameni likaYesu Kristu, mphilise, Bawo.

EGameni likaYesu, philisa lo, mzalwana wam.

EGameni likaYesu Kristu, philisa udade wethu.

Philisa udade wethu, Bawo, eGameni likaYesu.

EGameni likaYesu, philisa umzalwana wam.

EGameni likaYesu, philisa lo, mzalwana wam, Nkosi.

EGameni likaYesu, philisa udade wethu, Bawo.

EGameni likaYesu . . . ? . . .

Thixo, philisa udade wethu, eGameni likaYesu.

Thixo, eGameni likaYesu Kristu, philisa udade wethu.

²¹² Thixo, eGameni likaYesu thabatha idumbe lisuke kumzalwana wam, Nkosi, menze aphile, Bawo.

Thixo, eGameni likaYesu, philisa lo, mzalwana wam.

EGameni likaYesu, philisa lo, sibali wam, ndiyathandaza.

²¹³ EGameni likaYesu, philisa lo, dade wethu, Nkosi; Thixo mphilise, eGameni likaYesu Kristu.

Philisa udade wethu, Bawo, eGameni likaYesu Kristu . . . ? . . .

²¹⁴ Owu Thixo, ngoku, nazi ezinye izicelo, siphe ukuba zibe njalo, eGameni likaYesu.

²¹⁵ Ngoku, Leyo yindlela yokukwamkela oko, mzalwana. Ngoku, ngenxa yoko iNkosi ikwenzile oko.

²¹⁶ Uyabona ukuba lo mntwana akanjalo . . . ? . . . Ngoku, uyandazisa ukuba yintoni engalunganga ngawe. Andikubizeli nje oko phandle . . . ? . . . eGameni likaYesu Kristu . . .

217 Owu Thixo, naku apha emi...?....ume apha ngenxa ka-Edith. Sicinga ngaloo nto incinane, Nkosi. Ubelapha ukuze atyhalwe, kanye ngoku. Udade wabo umi endaweni yakhe, Nkosi. Siphe, Owu Thixo, siphe ezi zicelo, eGameni likaYesu, ngenxa yakhe.

218 Thixo, yiba nenceba phezu komzalwana wethu kwaye mphilise, Bawo, eGameni likaYesu.

219 Thixo, eGameni likaYesu Kristu, chukumisa lo, umzalwana wam oxabisekileyo kwaye umenze aphile, Bawo.

EGameni uYesu Kristu, philisa udade wethu.

EGameni uYesu Kristu, Nkosi, philisa udade wethu.

Philisa umzalwana wethu, Bawo, eGameni likaYesu.

EGameni uYesu Kristu, philisa lo, dade wethu.

Owu Thixo, eGameni uYesu Kristu, philisa lo...?....

Thixo, philisa le nkwenkwe incinane, eGameni likaYesu Kristu.

EGameni uYesu Kristu, philisa umzalwana wethu, Nkosi.

EGameni likaYesu, philisa owethu...?....

Owu Thixo, eGameni uYesu Kristu, philisa udade wethu.

EGameni uYesu Kristu, philisa...?....

Philisa udade wethu...?....eGameni likaYesu.

Owu Thixo, philisa lo, dade wethu, ndiyathandaza, eGameni likaYesu.

Thixo, philisa udade wethu, kuba ndiyathandaza eGameni likaYesu.

Thixo, menze aphile; siphe oko, Nkosi, eGameni likaYesu.

220 Thixo, chukumisa umzalwana wethu; liLizwi Lakho; Ukuthembisile oko, Nkosi, kwaye siyeza sikukholwa oko, eGameni likaYesu.

221 EGameni likaYesu Kristu, philisa udade wethu, Nkosi; uze ngokunyaniseka, ekholwa ngoku; wanga angahamba kwaye aphile.

EGameni likaYesu yanga angahamba kwaye aphiliswe, Nkosi.

222 Thixo, beka izandla Zakho zempiliso phezu...?....banga bangabuyela kwikhaya lakhe nesicelo sakhe. Owu Thixo, siphe impiliso, Nkosi.

Philisa udade wethu, Bawo, eGameni likaYesu.

Philisa udade wethu, EGameni likaYesu.

Thixo weZulu, philisa umzalwana wam, eGameni likaYesu Kristu.

Kunye nodade wethu, eGameni leNkosi uYesu.

Philisa lo...?...eGameni likaYesu.

Philisa lo, dade wethu uDaulton, eGameni likaYesu.

Philisa udade wethu, Bawo, eGameni likaYesu.

Philisa umzalwana wam, Nkosi, eGameni likaYesu.

²²³ Ngoku, Uyakhathala; wenjenjalo nawe, mzalwana. Hamba uMnike udumo kwaye uMbulele, eGameni likaYesu Kristu...?...Siphe oko, Nkosi, abaninzi baye babangumthwalo wakhe; bothule ngoku, Bawo, eGameni likaYesu Kristu, philisa umzalwana wethu.

²²⁴ Wanga ungathumela inceba phezu kwakhe...?...

²²⁵ Thixo, siphe impiliso kadade wethu, apha. Mbone emi emnyangweni, elindile, uMoya oyiNgcwele umngqongile. Thixo, wanga angahamba akukholwe Wena. Siphe oko, Bawo.

EGameni likaYesu, wanga angahamba ekhululekile, Bawo.

Thixo, eGameni likaYesu Kristu...?...

EGameni likaYesu, ndiyathandaza ukuba Umphilise udade wethu.

EGameni likaYesu, philisa lo, dade wethu.

Thixo, eGameni likaYesu Kristu, philisa umzalwana wam.

Thixo, eGameni likaYesu Kristu...?...

Thixo, mphilise umzalwana wam, eGameni likaYesu Kristu.

Thixo...?...yiza ngapha...?...amandla aya kumphilisa.

²²⁶ Owu Thixo, philisa...?...kwaye umbonise...?...indawo apha. Kwenze oko kuhle, Nkosi, kwaye wanga angaweve amandla kaThixo, eGameni likaYesu...?...

Thixo, mphilise umzalwana wethu, Nkosi, kwaye wanga angaphila.

EGameni likaYesu Kristu, philisa udade wethu, Thixo.

²²⁷ Thixo, philisa...?...ukubone Usenza okuninzi kakhulu. Siphe ngoku bonke babenjalo...?...

Philisa...?...Nkosi, ndithandazela inceba, Nkosi Yesu ethandekayo.

²²⁸ Thixo, philisa lo...?...menze aphile...?...Nkosi, kwaye zibeninzi iintsizi zakhe kwaye siyabelana ngazo. Ngoku, wanga angaba njalo...?...

EGameni likaYesu, philisa lo, dade wethu, Nkosi.

Philisa umzalwana wam, eGameni...?...

Thixo, philisa lo mzalwana wam, menze aphile...?...

Philisa udade wethu, Nkosi, kuYesu Kristu...?...

Philisa udade wethu, ngeGama likaYesu.

Philisa umzalwana wam omncinane, eGameni likaYesu Kristu.

Thixo, philisa lo, mzalwana wam, eGameni likaYesu Kristu.

Thixo, eGameni likaYesu Kristu, philisa lo, mzalwana wam.

Thixo, philisa udade wethu. EGameni likaYesu, wanga angaphiliswa.

²²⁹ Thixo, philisa lo, mzalwana wam, wanga anga, eGameni likaYesu Kristu kubenjalo...?...

Owu Thixo, philisa udade wethu, eGameni likaYesu Kristu.

²³⁰ Philisa udade wethu apha, Nkosi, eGameni likaYesu Kristu, wanga angahamba kwaye...?...

²³¹ Thixo, siphe isicelo sakhe, eGameni likaYesu Kristu, ndiyathandaza ukuba Usiphe eso sicelo.

²³² Thixo, uDade uSimmon, makhe ubabalo nenceba kaThixo, wanga njengokuba ebelinde le yure, ixesha apho angasiphosa phantsi...?...Kwaye wanga angaphila...?...

²³³ Thixo, uMzalwana u-Ungren...?... Thixo, unezwi legolide, elihlokomisa iVangeli. Mgcine ephilile, Thixo; siphe oko, eGameni likaYesu.

²³⁴ Thixo, uDade wethu uKidd ubiza eGameni lako oko...?... Ndiyathandaza ukuba amandla Akho ayakumkhulula ngoku...?...ngokunyaniseka lo mama omncinane...?... kwiintsuku ezisixhenxe kufuneka ukuba abe enomama wakhe. Siphe oko, Bawo, eGameni likaYesu Kristu.

²³⁵ Thixo, ngenxa yabantwana bakhe, Owu Thixo, bayazibuza, kwaye abaninzi babo bayagula, kwaye laa ntombazana iyagula. kwaye...?...Owu Thixo, ndiyathandaza ukuba Usiphe oko, ngeGama likaYesu Kristu.

²³⁶ Ke sinombulelo kakhulu ngoMzalwana uTom, Nkosi, siyathandaza ukuba Umphilise kwaye umncede. Malibongwe iGama...?...

²³⁷ Kukho indoda phantsi apha...?...Ufuna ukuthandazelwa nawe, mzalwana? Nkosi Yesu... .

[Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

Uyakukhathalela,
Uyakukhathalela;
Ngokukhanya kwelanga okanye umthunzi,
Uyakukhathalela.

Uyakukhathalela,

Nje waphoseni amaxhala enu kuYe, ngoko.

Uyakukhathalela;
Ngokukhanya kwelanga okanye umthunzi,
Uyakukhathalela.

238 Ingaba uyaMkhathalela? Ingaba uyalikhathalela iLizwi Lakhe? Amen. INkosi inikusikelele. Makhe sithobiseni iintloko zethu nje okomzuzwana. Ndiyakholwa ukuba ndiziphendulile ezi zicelo. Ndiziphendule izicelo, andikwenzanga oko, nonke ngabanye.

239 Kwithuba elidlulileyo ndenza impazamo encinane emhlanganweni, ndiqinisekile ukuba umntu othile wakuqaphela oko. Kwaye iNkosi nje yandalathisa ngoku kwindawo ethile. Ndathetha into ethile ngaphaya emntwini othile xana ndiyithetha ngenxa yomntu ongomnye. Andinako—andinako ukumbona umntu apho wayekhona, kodwa yayingumntu othile endandibeka intsikelelo phezu kwabo ngenxa yomntu othile ongomnye. Kwaye ndi...Babesiza ngokukhawuleza ngokwenene kakhulu, kwaye ndandingakuqapheli oko. Kwaye andizange...Ewe, yayiyi, ndiyayibona ngoku. Yile ndoda kunye nomfazi abahleli kanye apha. Ukuba andiphazami, ndiyendaxhawula isandla kubusuku obugqithileyo kwi—kwi—kwigumbi lehoteli yasecaleni kwendlela, okanye enye into, kwiyadi yehotele esecaleni kwendlela, apha phezu eJeffersonVilla. Ndiyendatsho into ethile kwindoda, ndayibiza “udade” endaweni “yomzalwana,” xana idlulayo. Ingaba ukuqaphele oko? Bendithetha oko ngenxa yomfazi wakho. Ngoku, ubenkathazo ixesha elithile, inkathazo yamathumbu ixesha elide. Uvela e-Illinois. UNksz. Mongaland, kunjalo oko, elo ligama lakho. Ngoku, uyazi ukuba bendingsakwazi, kodwa usekunxibelelaneni kanye ngoku. Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke, kwaye kuya kubakho ukupheliswa okupheleleyo nje ngesiqhelo njengokuba oko kwakuhlala kunjalo, ukuba uyakukholwa. Ukuze ubenokukubona oko lonke ixesha, ngoku ndi... .

240 Inye kuphela into endiyaziyo, kubusuku obugqithileyo ndikhumbula ndicinga indoda, bendicinga ukuba inenwele ezintle ngolona hlobo, yehlukanisa iinwele zayo phakathi, le ndoda ingwevu ihleli apha. Nje kwenzeka ukuba ndikhangele, kwaye phaya bekukho okwaa kuKhanya kuKhazimla kanye kungqongile phezu kwabo ngolo hlobo. Kwaye leyo yayi yiloo nto ekwakuyiyo. Kwaye ngoko ndawubona umbono uvela. Bendingsazi ukuba babengoobani okanye kwanto malunga noko. Inenekazi beliphandle phaya kubusuku obugqithileyo, ndathi, “Ingaba uza kumhlangano?” Lathi, “Ewe.” Kodwa ubabalo lukaThixo lwayitsalela emva kwakhona, kwaye yiloo nto bekuyiyo. Ingaba ubukhe waqaphela emgceni wokuthandazela, mzalwana, ukuba kukho into ethile eyeyathethwa leyo iwelele ngaphaya? Bekungenxa kadade endaweni yakho. Oko, oko bekunjalo, kwaya ku—kudade phaya.

241 Ngoku ukuze ukwazi oko, ngaloo mgca wokuthandazela, laa Ngelosi yeNkosi ibiphaya. Ibinokubiza. Kodwa njengokuba ubiza, yenza buthathaka, buthathaka, buthathaka. Yabona?

Ke Uyanikhathalela, kwaye ndi—ndiyakhathala ngenxa yenu. Ngendiyendaqhubela nje phambili kwabane okanye abahlanu nangaphezulu, kwaye ngoko, into yokuqala uyazi, uBilly ubelapha endikhupha epulpitini. Kodwa ndiyendacinga ukuba, ngokuqinisekileyo, ndi—ndiphile apha nani nonke nonke le minyaka, kwaye ngeenxa zonke nokunqumleza isizwe, ni—niyazi ukuba ndiyanithanda. Owu, ndinithanda njengokuba beningabantwana bam, kwaye ningabantwana bam kwiVangeli. Ndinizele kuKristu, ngeVangeli. Kwaye ngoku ndiyacinga ukuba ezi, isicelo na njalo njalo apha, ndisiphendulile.

²⁴² Ngoku, ndiyanithanda. Kwaye bendicinga, ukuba ndiye ndaya kwaye ndazibeka izandla phezu kwenu, kwaye nibonile ukuba uMoya oyiNgcwele ubekwenza oko, kwaye ngoko ukuthandabuza kwenkxalabo kwaqalisa kumhlango kumgea ngolo hlobo. Ndiyiphosile, ndihamba ngokukhawuleza kakhulu, kwaye ndivakalisa intsikelelo yomnye komnye, kwaye ngoko uMoya oyiNgcwele wajika kanye emva kokuba umhlango uphelile waze wabuya kanye wayibonisa kwakhona. Yabona? Ingaba aniboni na, ukuba Uyakhathala! Ngoku ingaba uyakhathala? Ingaba uyakhathala ngokwaneleyo ukuba uthi, “Ukususela ngeli xesha ukuya phambili, kukho into ethile entliziyweni yam endixelela ukuba iinkathazo zam ziphelile. Ndi—ndiphilile, ndiya kuphila”? Ingaba uyayikholelwa? Phakamisa izandla zakho, “Ndiyakukholwa Oko!” UThixo anisikelele.

Ngokukhanya kwelanga okanye umthunzi,
Uyakukhathalela.

²⁴³ Esi sisidlo nje esikhulu esikhulu sothando. Makhe silicule kwaye sixhawulane izandla omnye nomnye.

Uyakukhathalela,
Uyakukhathalela;
Ngokukhanya kwelanga okanye umthunzi,
Uyakukhathalela.

²⁴⁴ Ndinigcine ixesha elide ngale ntsasa ndade nda—nda... Umalusi wam akashumayeli okoko njengokuba mna ndisenza. Uya kuzama ukuzisa umyalezo ngenxa yenu ngokuhlwanje, kwaye siya kunzisa malunga nokuba iyakubakho na inkonzo kwiCawe elandelayo phantsi kwe... eso sihloko. Ukuba andenzi njalo, kuyakubakho iinkonzo nje ngokufanayo. Ke nina nonke, iNkosi inisikelele, nonke ngabanye. Ndinga ukuba kukho inkonzo yobhaptizo ezayo kanye ngoko.

²⁴⁵ Ke ukuba ninokuma nje umzuzwana, ukuze nindululwe. Makhe silicule elo kwakhona. “Waphoseni kuYe amaxhala enu, kuba Uyanikhathalela.” Kwaye ngoku ukuba uyaMkhathalela, makhe sithi, “Nkosi, ndi...” Xana usenza oku, we—wenza le ntetha, “Nkosi, ndiyazi ukuba Undikhathalele. Kwaye ndiphakamisa izandla zam, ndiKukhathalele.” Kwaye makhe

siphakamise izandla zethu ngoku kwesi sidlo sothando sesisa, njengokuba sicula.


Uyakukhathalela,
Uyakukhathalela;
Ngokukhanya kwelanga okanye umthunzi,
Uyakukhathalela.

²⁴⁶ Ngoku njengokuba sithobisa iintloko zethu, yithi... [UMzalwana uBranham ungqumshela, *Uya Khathala Ngenxa Yakho*—Mhl.] Owu, ubumnandi beNkosi yam! Ingaba awuluva uthando Lwakhe lukutsala lukusondeza kanye kuYe? Yithi, “Kwaye, Nkosi, ndiyaKuthanda. NdiyaKuthanda. Uyandikhathalela, Nkosi. Wandikhathalela kakhulu kwade xana ndandingumoni Wafa ngenxa yam. Wahlatywa ngenxa yezikrezo zam, ngemivumbo Yakho ndaphiliswa.”

Uyakukhathalela,
Uyakukhathalela;
Ngokukhanya kwelanga okanye umthunzi,
Usakukhathalele.

²⁴⁷ Nje khumbulani oko ngoku njengokuba nithobisa iintloko zenu. Ndiyakucela uMzalwana u-Edwards olapha ukuba uyakusindulula ngelizwi lomthandazo. Kodwa, kuqala, makhe siligqumshela elo kwakhona. Khumbulani, ekukhanyeni kwelanga okanye umthunzi, Usakhathala. Wayekhathala. Ingaba uyakhathala? Yithi, “Ewe, Nkosi, ndiyathembisa ukuba ndiyakhathala. Ndiqhubeleka phambili kanye ngoku. Ukusuka apha ukuya phambili, ndiyakhathala. Ndiyakhathala ngenxa yobungqina bam.”

Uyakukhathalela.

Mzalwana u-Edwards. 

63-0721 UyaKhathala. Ingaba UyaKhathala?
e-Branham Tabernacle
e-Jeffersonville, e-Indiana U.S.A.

XHOSA

©2024 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isetyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org